Ukuqonda Umhla Wakho NoMyalezo Wawo

Bhotani zihlobo. Makhe sime njalo umzuzwana.

Thixo Othandekayo, njengokuba, sikulo ngxashi-ngxashi wobomi, siphumle okwale mizuzwana ilandelayo okanye iyure, nokuba iyakuba yintoni na, Oyakuthi usibonelele ngayo, ukuze sinikele ukudunyiswa nozuko kuWe, sishumayele iLizwi laKho, ukuze siKwazi ngcono, sihlangene ngeso sizathu kusasanje. Kwaye siyaKubulela, Thixo, ngokuba kukho abantu abasele belungile abazilungiselele ukuza kuphulaphula. Ngokungaphandle kokujonga iimeko nexesha, esiphila kulo, basakholwa. Kwaye siyaKubulela ngabo.

2 Thixo, sinombulelo kuWe ngamandla aKho amakhulu empiliso, amadinga eLizwi laKho. Indlela ezivutha ngayo iintliziyo zethu sakuva obu bungqina! Zonke iintlobo zenkxwaleko ezithe zaziswa phezu koonyana boluntu! Wena, kunye nenceba yaKho namandla, nangedinga laKho, ubaphilisile. Balapha ke, bengqina, benikela ukudunyiswa kuThixo. SiyaKubulela ngoku.

Ngoku ke, sanga singeva namhlanje, uMyalezo osibonelele ngawo Ukwenzela le yure. Njengokuba sifunda eLizwini laKho, ungangasinika Okuqulethwe koko sikufundayo. Mayenziwe intando yaKho ezintweni zonke, kuba oku sikucela eGameni likaYesu. Amen.

Ningahlala phantsi.

3 Licham ukuba lapha kusasanje. Ndinovuyo ngani nonke. Kwaye uMzalwana uWoods, uMzalwana Roy Roberson, nabanye abazalwana abaninzi, basebenze ngenyameko kwezi ntsuku zimbini zidlulileyo, ukwenza iindawo zokwenza impepho kwesi sakhiwo besenzela esi siganeko, kuba kuleCawe iphelileyo babone indlela enibulaleke ngayo. Bebenemalana ke elugcinweni lwebandla, baze baqalisa ukusebenza bayisebenzisela ukwenzela ukuba nihlale kamnandi, ngalemali beniyibeka emnikelweni, ukuze njengokuba ninokuhlala, niphulaphule uMyalezo. Kuphole mpela namhlanje kunokuba bekunjalo ngokuyaa. Ngoko sinombulelo kuThixo, nakuni bethu, ngeli lungelo.

4 Ndiyavuya . . . ngoMzalwana uRoy Borders, ebefuna ukuba buhlala phaya ngasemva kusasanje. Ndaze ndamxelela ukuba athabathe isitulo sakhe ahlale apha kweli cala naba befundisi, kodwa akafunanga kuyenza loo nto. Njengokuba nisazi nonke,

uMzalwana uBorders usimele entsimini. Ngoko ke sinovuyo ukuba sibe kunye noMzalwana uBorders, nabanye abefundisi abaninzi nabahlobo.

5 Apha evekini ndi—ndiye ndaqala ukucinga, ndathi, "Ndakufika phaya, ngeCawe, ndizakumqonda nokuba ngowuphi na umlungiseleli, nawuphi na umntu." Kuze kuthi wakufika apha, uthabatheka kakhulu ngumyalezo ude uphantse Ulibale yonke, into, ngoko ibiyiloo nto ke.

6 Ngoku kufuneka ndiphindele e-Arizona. Kufuneka ndiphindele kuloMvulo uzayo, iveki, ndiphindele eTucson, ukusa abantwana apho esikolweni. Ndiyabuya ke emva koko. Inkosikazi ke kufanele ukuba ibe lapho kwangethuba, ukuze iqalise uku . . . ukubhalisa abantwana, kwiveki ezimbini phambi kokuba siqale isikolo. Kwaye ndize, ke, ndibuye ndibe nethutyana apha.

7 Ngoku ke lithuba lam leholide eli. Njengokuba nisazi, oko ndashumayela ukusukela ngoDisemba; uJanywari, uFebhali, uMatshi, u-Epreli, u-Meyi, u-Juni, noJulayi. Ngoku, uThixo ethandile, kungabangakho kubizwa kusisikhawu, lithuba eli endi—endi—endithabatha ngalo ukuziphumza, iholide yam. Ndiye ekuzingeleni. Ndize ndi . . .

8 Ngoku ukuba iNkosi inokundibizela kwenye into, ezo zinto ke ziyaphelelwa. NguThixo njalo kuqala. Kwaye ndifuna ukuba Abe ngowokuqala, kwaye nifuna ukuba Abe ngowokuqala. Kodwa ngoko ukuba akubangakho kubizwa kuthile, ibe oko ikukuthanda kwaKhe, yinto endiyakwenza yona leyo kwezi nyanga zimbalwa zizayo, kukuya kuzingela ngoku, ukuya kuziphumza. Ndi . . .

9 Aniqapheli, ihlabathi alinakuze lazi, oko ndijongene nako. 'Yabona? Kwaye kukuhlupheka okunjani. Akumangalisi ukuba iNkosi yabaxelelayo abafundi baYo, ngokuya Yayihamba nabo, "Zahluleni niye entlango, niphumle kancinane." 'Yabona? Ndiya ndiyiqonda loo nto ngokukodwa, yonke imihla, nangakumbi ngoku imihla yam iya isiba mininzi emhlabeni, uyabona. Njengokuba uya usiba mdala, uyayiqaphela. Niyamva umlungiseleli wethu esithi "amen" kuloo nto, naye. Yena, thina, siyayiqaphela loo nto asingobafana emva kokudlula amashumi amahlanu eminyaka ubudala. Ngoku kufuneka sibe nethutyana.

10 Sivuya kakhulu ngobungqina esisandula ukubuva. Inkosikazi ibiphaya kwaNkosk. Woods, izolo, ekufikeni kwabantu abathile abebesuka ezantsi e-Alabama, kwindawo ethile emazantsi apho, baye bebalisa ngezinto ezinkulu iNkosi eyazenzayo apho kuloo ndibano, abantwana abancinane bephiliswa, nezinto ezahlukeneyo. Nezinto ezininzi kangoko, madoda, ithabatha nje ixesha elide uku—ukuyibalisa.

11 Ngoko kufuneka ndikukhumbule oko nam. . . Ndiyakholwa ukuba abanye babo bandixelele ukuba uDade uLarson ebelapha iiCawe ezimbini enosana oluncinane. Andinakwazi, kodwa ndiyakholwa ukuba bebesithi ibingumzukulwana wakhe, mhlawumbi, ezele ukusikelelwa, eluzisa esihla nalo evela eChicago. Eloo nenekazi belinobubele kakhulu kuthi, kwaye siyalivuyela. Kwaye lizise usana oluncinane ukusuka eChicago, lizokusikelelwa. Nto, leyo anexesha elincinane nje ukuba alizise, ndiyacinga, lizokusikelelwa, kodwa linomdla kulomntwana ukuba anikezelwe eNkosini. Ngoko ke ukuba uDade uLarson angekhe athi, ngoku ndisathethayo, ukuba angaluzisa olwa sana apha senze loo nkonzo yonikezelo.

12 Ukuze ke, mhlawumbi, ngoku asalungisayo, ndi—ndifuna ukuthi lo ibe ngowona Myalezo unzima ndakhe ndazama ukuwulungisa, kwade kwaphezolo. Iveki yonke bendiye ndingene egumbini, ukuzama ukuhlala ndedwa emva kokutsala iminxeba yam nezinto ezinjalo, ukuzama ukufumana into engqondweni yam eyeyale yure. Ndithi ndakuya ke, ndi—ndingakwazi no. . . Ingqondo yam ibingento. Izolo, ke, ndiye ndangena kwigumbi elingaphantsi. Bendicinga ukuba bekushushu kakhulu ngoko ndangena kwigumbi elingaphantsi, ndahlala phantsi apho. Ndaze ndazama ukuthabatha iBhayibhile yam ndifunde, ndisuke ndisindwe bubuthongo. Ndize ke ndivuke ndisele amanzi, ndizame ukuzishukumisa, ndiphume phandle ndijikeleze, ndihlale esituphini.

13 Kwedlula umntu othile wandibhaqa ndiyikhulule ihempe, ndihleli esituphini; bekushushu kakhulu. Wandiphakamisela isandla. Bengingazi nokuba uphakamise isandla na. . . Umntu othile, isenokuba ibingumntu othile walapha ebumelwaneni esixekweni, okanye isenokuba ibingumntu othile walapha ebandleni, lowo ebendiphakamisela isandla. Ndaze nda—bendicinga kakhulu, nda—ndaze kwenzeka ndajezula njengokuba inqwelo idlula. Ndaphakamisa isandla.

14 Phezolo ndingene emotweni ndangena ndajikela ngaseCharlestown, ndizama ukufumana okuthile. INkosi, kwabonakala ngathi, ibifuna ukundixelela okuthile, kodwa mna. . . USathana ebezama ukundithintela, engavumi ukuba ndenze njalo. Ngoko ndacinga, “Kulungile, ukuba wenza loo nto, ndizakuhlala ndilindile njalo, ndihlale ndilindile njalo, ndingomba emnyango ade Avule.” Ngoko ke kwimizuzwana embalwa edlulileyo, mhlawumbi kancinane nje emva kwentsimbi ye-7 kusasanje, bendivuke kwakusasa kakhulu.

15 Izolo, bendibugula, ndizama. . . Bendidle inyama enkonkxiweyo ethe ayavumelana nam kakuhle, kushushu kakhulu ke, ndaze nda—bendizama ukubaleka loo nto. Kwaze—kwaze ke ngalentsasa, malunga nentsimbi yesibhozo, kwenzeka ndafumana iSibhalo esiye sandothusa. Ndaze

ndasijonga kwakhona eso Sibhalo, saphinda kwakhona sandothusa. Ndaze ndahamba, ndiSilandela ngeSibhalo, ndiye ndagqiba kwimizuzwana nje embalwa edlulileyo. Ngoko kungenzeka ukuba iNkosi isiphathele uMyalezo, ngalentsasa, uSathana abezama ukuba singawufumani.

Awunakumzisa apha loo mntwana, Dade Larson? [UMzalwana uBranham usikelela umntwana lowo. Yindawo enganantо ekhasethini le—Mhl.] UThixo abasikelele abancede.

16 Ngoku bendinigcinile, kuleCawe iphelileyo, iintsuku ezimbini, kwaye ndiyacinga . . . okanye, iinkonzo ezimbini, kusasa nangokuhlwa, loo nto ke yenza kube nzima kuni. Ndivile ukuba . . . Abanye benu kufuneke behambe baya kude kakhulu, baze baphose umsebenzi wosuku, njalo njalo. Ngoko nokuba sinokumka ngeCawe, ngoMvulo, iveki, ndizakwazisa nje inkonzo yeCawe elandelayo, iNkosi ithandile, 'yabona, ngaphandle kokuba ibandla lifuna ukuba kube njalo kuhlalwe ngokuhlwa. 'Yabona, oko, oko kuku . . . Nibaninzi kakhulu!

Bangaphi abakhetha ukuba ibe ngokuhlwanje, masibone, sibe neenkonzo ngokuhlwanje? Ngoku, abakhetha ukuba ibe kwiCawe ezayo, phakamisani izandla kwezayo? Owu, madoda ikufutshane kakhulu. He! [Kukho umntu othi, "Uyakudinwa, mzalwana!"—Mhl.] Uthini? ["Masibe nayo maxesha omabini."] He! [UMzalwana uBen Bryant uthi, "Kwakhona, ngokuhlwanje, sibe nazo zibembini."] Ngoku, ngoku, Ben! [UMzalwana uBranham uyahleka.]

17 Ndinalo Myalezo, mde, kusasanje, kodwa andi—andazi ukuba ndizakwenza njani na . . . Kwaye ndiyazi ukuba ndiyanceda ekwenzeni imithetho yebandla, kodwa phaya ngaphakathi, ukuba uyaqaphela, ndathi, "Ngaphandle kwaxa ndishicilelayo." 'Yabona? Ngoko ke, oku kukushicelela. Aha. Ngoko ke mhlawumbi sakuzama ukubuya maxesha omabini, ngokuhlwanje nakwiCawe ezayo, ke, siyakwenza njalo ukuba iNkosi iyathanda, uyabona. Ngoku, ukuba anifumanga myalezo kuleveki, nakuza kwiCawe ezayo ke.

18 Ndikuthiyile ukunibuyisa kabini ngolohlobo, kodwa ndiva kungathi asisenaxesha ingelilo elincinane eliseleyo. Nikhumbule ke, ukuba lisaqhubeka ixesha, asiyikuba nalo eli lungelo ithuba elide kakhulu. 'Yabona? Khumbulani, kukho into eyakwenzeka. Kuphakathi kokuba umthetho uyakusimisa, okanye uSathana angene phakathi kwenu anichithachithe. Oko kwaba njalo. 'Yabona? Kukho into eyakwenzeka, ngoko ke masiwuvuyele wonke umzuzu esikunye ngawo.

19 Ke ngoku kwabo kufuneke begodukile babuyela emakhaya, ngokuhlwanje, bekuya kufana nokuhlwa kweCawe ephelileyo, ndandino—noMyalezo omfutshane omncinane. Kwaye ngoko, ukuba wena, ukuba uwufuna usekhasethini,

ngoba, siyakukuthumela ikhasethi ukuba kunyanzelekile ukuba ugoduke. Okanye, kungenjalo, ndizakushumayela ngokuhlwanje, ukuba iNkosi ithandile.

20 Ndifumene umbhalo izolo, okanye—izolo elinye, uMyalezwana omncinane endandiwubhale usuka kwiinkumbulo okanye into enjalo, ngowakudala. Kukho iMiyalezo, phofu. Iphakathi kokuba, omnye wayo, "liQula elivuzayo," okanye, "Ukuhlwayela emoyeni nokuvuna uqhwithelo," umYalezo nje weVangeli. Kusasanje kukufundisa. Kwaye ngoko, ngokuhlwanje, ndiyakuthi mhlawumbi ndithethe ngo "Kuhlwayela emoyeni nokuvuna uqhwithelo," okanye, "IQula elivuzayo."

21 Kwaye, kusasanje, ndifuna ukufunda kwiMibhalo eNgcwele ngoku.

Ingaba nihleli kamnandi? Yithani, "Amen." [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Kulungile.

Ngoku ndifuna ukuba, eziBhayibhileni zenu, nityhile kunye nam kwiNcwadi kaHoseya, nina ninqwenela ukufunda. Masifunde ke imiqolo embalwa kwisahluko se-6 seNcwadi kaHoseya, umprofethi.

Makhe siphakame ke.

22 Thixo Othandekayo, asifanelekanga ukuba siyathabathele ezandleni zethu le Ncwadi, kuba sifunda eZibhalweni ukuba akukho mntu eZulwini nasemhlabeni, okanye ngaphantsi komhlaba, owayefanelekile okanye owayenako nokuyithabatha iNcwadi, nokuYikhangela oku. Owu, kwaze kwavela Owayefana nemvana exheliweyo; Wayithabatha iNcwadi, kuba Wayefanelekile, Waze wawakhulula aMatywina ayo. Sijonge kuYe ke kusasanje nje ukuba atyhile ezi ziqulatho zibhalwe eNcwadini, ngokuba yiNcwadi yentlangulo. Konke okuhlangulweyo kubhalwe kuyo. Sanganga fumana indawo yethu, kusasanje, kwelixesha siphila kulo. Kuba oku sikucela eGameni likaYesu. Amen.

Yizani, sibuyele kuYEHOVA: kuba eqwengile, wosiphilisa; uxabele, wosibopha.

Wosidlisa ubomi: kwakuba ntsuku mbini, wosiphakamisa ngolwesithathu sidle ubomi phambi kwakhe.

Masikwazi ke, masikusukele ukumazi uYEHOVA: ukuphuma kwakhe kuqinisekile njengokuphuma kwesifingo; ukuba eze kuthi njengemvula, njemvula evuthisayo elinyakamisayo ilizwe.

Mandikuthini na, Efrayim? Mandikuthini na, Yuda? uthando lwenu lunjengelifu lomso, lunjengombethe ophela kwakusasa.

Ngenxa yoko ndibaxozile ngabaprofethi; ndababulala ngamazwi omlomo wam: ukuze umgwebo wam uphume njengokukhanya.

Ngokuba ndinonelele uthando, andinonelele mbingelelo; Ndinonelele ukwazi uThixo ngaphezu kwamadini anyukayo.

Ke bona bawuggithile umnqophiso njengo Adam: bangi—banginiza kum apho.

IGiliyadi ngumzi wabasebenzi bobutshinga, uzele yimikhondo yegazi.

Bunjengokulalelwa kwendoda ngamatutu, ubudlelane bababingeleli: baze . . . ewe benze amanyala.

Endlwini kaSirayeli ndibone into ebanga amanwele: apho uEfrayim uyahenyuza, uSirayeli uzenza inqambi.

Kananjalo, wena Yuda, umiselwe uvuno, ekukubuyiseni kwam ukuthinjwa kwabantu bam.

23 Nkosi Yesu, khupha koKu, ngoMoya oyiNgcwele waKho, loo mxholo kujoliswe kuwo, njengokuba siqhuba ukulindela kuWe. EGameni likaYesu. Amen.

24 Ngoku, ingongoma yam kusasanje: ku*Kuqonda Umhla Wakho NoMyalezo Wawo.*

Siyabona ngokujonga kwisifundo seCawe ephelileyo, njengokuba besifundisa, *Isidlo SamaXilongo*. Kwaye ndifuna ukutsalela umdla wenu, ngoku, ixesha—ixesha likaSirayeli kwiwotshi kaThixo.

25 Siphethe namhlanje isifundo sesikolo seCawe, endifuna niqaphele niqonde ixesha esiphila kulo. Sekukufutshane ukuba siphele, njengokuba nibona. Ukuze ke, ngenxa yaso, nifanele ukuba niyazi kwa iyure nexesha, nomqondiso noMyalezo ekufanele niwamkele.

26 Ngoku, njengokuba besiqalile kuleCawe iphelileyo . . . Besithetha ngokuya kushumayela ngaMaxilongo, amaXilongo aSixhenxe okugqibela eBhayibhile. Mna ke, ngokwam, bendicinga ukuba ayakutyhileka kanye njengaMatywina. Kodwa ndiqonde ukuba ekuvulekeni ngakunye koku kubekho into ebalulekileyo eyenzekayo.

Kwaye njengokuba besishumayela *iZigaba eziSixhenxe zeBandla,* zaze ngokugqibelele kangako wade uMoya oyiNgcwele ngokwaKhe wehla phakathi kwethu wakungqinela, wakubeka kumaphepha-ndaba, wawuphosa kuso sonke isizwe, wawubonakalisa enyangeni esibhakabhakeni, wawuqondakalisa kuthi, iiveki neenyanga ngaphambi kokuba kwenzeke, oko kanye ngendlela ebe kuyakuba yiyo, ngokugqibeleleyo. Apha kuloMnquba

Wakwenza kwazeka. Apha e. . .ngexesha, wathi Wakwazisa ngalo. Enyangeni naselangeni, Wakwazisa. Nakwimeko yezizwe ngelixesha, Ukwenze kwaziwa; njengokuba iinkokeli zaseRoma ziye zemka ukuya ePalestina, kusithiwa kufanele ukuba nguPopu wokuqala ukubuyela ukusukela (babanga ukuba) uPetros wayengupopu. Ngoku, bekumangalisa kakhulu!

27 Ngoko, siyabona, phambi kwaMatywina aSixhenxe awayefihle zonke iimfihlelo.

Mna ke ndingayazi into endandiyizoba ebhodini, ukwenzela iZigaba zeBandla. Ndandingazange. UThixo uyazi. Ngombono nje, ndawuzoba. Ndingazi ukuba uThixo, kunyaka onenyanga ezintandathu emva koku, wayeza kuwungqinela esibhakabhakeni, ngenyanga, awathi awungenisa kuwo wonke amaphepha-ndaba esizwe. Ndandingayazi loo nto. Ndandingazi ukuba kuyakubakho ubumnyama obungummangaliso enyangeni, obuyakumela esi Sigaba seLawodike.

28 Ngoku, emaphepheni, ufumana kuphela izigaba ezithandathu. Kungokuba ibandla laseLawodike lalenziwe mnyama ngokupheleleyo. Kwaye ukuba niyakuqaphela ukuchaphazela kwayo komoya, njengokuba uThixo wakubekayo esibhakabhakeni. Xa ndandiyibeka apha emhlabeni, ndashiya indawana encinane, njengokuba nibona, ukukhanya okuncinane nje. Oko kwakungaphambi kanye kokuba abona baNyulwa babe bazakubizwa bemke emhlabeni, isizathu sokuba ndiyibeke phaya ndandisenzela isigaba sesixhenxe. Kodwa uthe uThixo akuyibeka esibhakabhakeni, saba mnyama ngokupheleleyo, ithetha ukuthi mhlawumbi owokugqibela sele ebiziwe kweso Sigaba seLawodike. Asazi. Kungakho intshumayelo ngaloo nto.

29 Ngoku qaphela kwakhona, phambi kwa—kwaMatywina aSixhenxe, nto leyo bendingenafifi lokuba ilolo hlobo.

Apha eMnqubeni Wathetha ngayo, waze wandithumela eTucson, e-Arizona, enixelela nonke ukuba kuyakwenzeka ntoni na. Kwaye kukho amadoda ahleliyo akhoyo, namhlanje, awayelapho ukuba ayibone ukwenzeka kwayo kanye ngalendlela yayixelwe ngayo apha ukuba iyakwenzeka, "IiNgelosi eziSixhenxe ziyakuza." Aze ngoko amaphepha-ndaba ayikhupha lo nto, noolindi-xesha, esizweni siphela, "ISangqa esiyinqaba sokuKhanya sikwimo yephiramidi," kanye njengokuba bendizobile apha ndanibonisa. Yenyuka isuka kulaa ndawo ezo Ngelosi zazimi kuyo, saza sahamba umphakamo weemayile ezingamashumi amathathu, saze sangamashumi amabini anesixhenxe eemayile ukuya emacaleni; okanye amashumi amabini anesixhenxe ukuphakama, namashumi amathathu eemayile ukuya

emacaleni, ndiyalibala ukuba ibiyeyiphi na. Saze sabonwa kuzo zonke ezi zizwe, kanye phezulu emantla kweTucson, e-Arizona, kanye apho yenzeka khona, ngexesha elinye.

30 'Yabona, i—iBhayibhile, uThixo akayonto nje . . . Oku asikokuthi nje umntu othile azame uku—ukuninyanzela ngento ethile, koko kukutyhila kuni eyona ntsingiselo yokomoya yale yure.

31 Kwaze ke, uMyalezo olandelayo, othe wavula aMatywina aSixhenxe, athe agqibela zonke iimfihlelo ezifihliweyo zeBhayibhile, iiMfundiso, nayo yonke enye into. Nto leyo, ihlabathi liyahlasela ngokukrwada kakhulu kule mihla, liYihlasela lisithi Iphosakele, *oku, okuya*.

32 Apha ngenye imini e-Arizona, bechithachitha amakhasethi, bezama ukundenza ukuba ndithethe izinto ebendingathethi zona. Khumbula nje umbono malunga nokuzama kwase Arizona! IBhayibhile yathi, "Ngekungcono kakhulu ukuba ubufakwe ilitye entanyeni yakho." Enye into ke, kukuba, "Nabani na," nokuba ngumshumayeli okanye nantoni na ayithandayo, "oyakususa noko lilinye iGama kuYo, okanye ongeze igama libe linye kuYo!" Abantu bebeka eyeyabo ingcaciso eLizwini njengokuba Likhutshiwe, bezama ukuLenza lithethe into endingakhange ndiyithethe, kwaye, ingelilo iLizwi eliphuma kum; LiLizwi laKhe. "Oyakuthi ongeze, okanye asuse!"

33 Kwaze ke, embonweni lowo, sababona aba baprofethi bevuthuza ukuhla, njengokuba bendinicacisele, ndiyakholwa, kwiiCawe eziliqela ezidlulileyo. Kuyakwenzeka konke. Ndathi, "Hlalani nje nikude kuyo." Okoko nje ndisayilwa, uThixo ke akangeke ayilwe. Kodwa masiMyeke ayithabathe. NguYe oYikhathalelayo. 'Yabona?

34 Ngoku saqaphela, ukuba kuleCawe iphelileyo, bekukho . . . ukushumayela iintsuku zesidlo. Kwaye ke kwakukho isidlo sepentekoste. Kwaye phakathi kwezidlo zepentekoste nesidlo samaxilongo, kwakukho isithuba eside sexesha; kwiintsuku ezingamashumi amahlanu kanye phakathi kwepentekoste nesidlo semaxilongo. Neentsuku ezingamashumi amahlanu, *pentekoste* leyo ithetha "amashumi amahlanu." Kwaye ke yayikukuphakanyiswa kwezithungu, mhlawumbi ukuhla- . . . Ulibo lokuqala lwesivuno lwalungeniswa. Siyabona ke ukuba kwakungumzekelo ngoko, ngolibo lokuqala lwesivuno esiqhelekileyo, kumele ulibo lokuqala lukaMoya oyiNgcwele oyakuthululelwa phezu kwabantu.

Kwaye sifumanisa, ngoko, ukuba ezo ntsuku zimashumi mahlanu zamkelwa ziiNtlanga, awathi, "UThixo wazibiza ezikhuphela eziNtlangeni abantu beGama laKhe," isidlo sepentekoste. Kwaye besisoloko sihamba kweso sidlo side sepentekoste.

35 Ngoku, eneneni, ukusukela kwiintsuku ezo zimashumi mahlanu, iyakuba ziisabatha ezisixhenxe. Iisabatha ezisixhenxe ke zazimele iZigaba eziSixhenxe zeBandla, ezizakubizwa ngexesha lesidlo sepentekoste, ukuza kubiza abantu eziNtlangeni ebabizela iGama laKhe.

Ngoku, ekupheleni kwezi sabatha zisixhenxe, bezikho, kwakuza kubakho uMhla wokuCamagusha, owawungaMaxilongo aSixhenxe. AMaxilongo aSixhenxe ke ayengawokubiza usuku lwenzila, isenzelwa iDini, okanye, ukuCamagusha. Sifumanisa ukuba ngoko, uSirayeli, aMaxilongo aSixhenxe ayesingisele kuphela kuSirayeli.

36 Ke, ngoko, isizathu sokuba Angandivumeli ndiwashumayele laa Maxilongo aSixhenxe. Ndasendilungele nokuwazisa, sendiwalungisile namaholo nayo yonke into ukuze ndingene, ndishumayele aMaxilongo aSixhenxe. Ndaze ndathi, "Kukho into endihlupha kakhulu," ndatsho. Saqhubela phambili sisebenza, uBilly kunye nathi sonke, sizama ukulungisa yonke into malunga nesakhiwo esineendawo zokungenisa impepho, silungiselela le veki izayo, kuMaxilongo aSixhenxe; sineentsuku ezilishumi, okanye iintsuku ezisibhozo, sineholo enkulu yesikolo. Kodwa uMoya oyiNgcwele akandivumela ukuba ndiyenze, ngasizathu sithile, ndaze ke ndamangaliswa ukuba kutheni na.

Ndathi ke ndakungena ukuya kuthandaza. Ndayixelela inkosikazi, "Ndiyangena." Ndaze ngokunyaniseka okukhulu ndaguqa phambi koThixo, ndathandaza. Waze wawatyhila kum ukuba loo Maxilongo aSixhenxe avakaliswa phantsi kweTywina leSithandathu, ndabe sendilishumayele ke, ngokukokomoya. 'Yabona, sisandla sikaThixo, iyonke loo nto. Isingisele kuSirayeli, saze ke sayithabatha phantsi kweTywina leSithandathu; nina nonke ninayo laa nto, ukuba yayinjani na intshutshiso yamaJuda.

37 Ixesha leeNtlanga belilapha kwesi sidlo sepentekoste.

AMaxilongo, aphantsi . . . onke avakaliswa phantsi kweTywina leSithandathu. Saye siye sayichola kuleCawe iphelileyo, phantsi kwesidlo samaxilongo, ukuba nifuna ukuyifumana nonke. Ayeza kwenza ntoni? Ukuxhesha amaJuda, esuka kuzo zonke iindawo zehlabathi, ukuba abuyele emhlabeni wawo. Kufanele ukuba ibe lapho. Ukuvulwa kwaMatywina, ke phantsi kweTywina leSithandathu, naphantsi . . . AMaxilongo aSixhenxe avakaliswa kwi—kwiTywina leSithandathu.

38 Ngoku, uMyalezo wesithunywa sesixhenxe kukuvula imfihlakalo yaMatywina, ibiza abasebenzi beyure yeshumi elinanye beeNtlanga ukuza kwamkela kwa umvuzo omnye kunalo ufunyenwe ngabasebenzi beyure yokuqala. 'Yabona?

Ngoku, uYesu wayifundisa. Wathi kwakukho abantu abaya kuvuna. Babeqashiwe. Bathi ke bakwenza njalo, ekuseni kakhulu ngentsasa, bamkela i—i—ixesha, ipeni ngemini. Kwaza kwathi ngexa lasemini enkulu, kwafika abanye bangena basebenza. Kwaza kwathi ngeyure yeshumi elinanye, yiyure yokugqibela emini ke leyo, kwangena abanye baza bamkela uhlobo olunye lomvuzo noluya lwamkela ngabeyure yokuqala emini; abeyure yokugqibela.

39 Igqibelele kakhulu, indlela izithunywa zokuqala zeyure ezazisisa Nelizwi, neVangeli, neNyaniso, zangena ngoMhla wePentekoste. Kwaze ke emva koko kwasisigaba sobumnyama esasivalela ngaphandle. Kwaze kwathi enzulwini yemini, uLuther, noWesley, nabanye, bangena. Ngoko ke kusaya kubakho uMyalezo wexa langokuhlwa, khon'ukuze kwamkelwe kwalaa nto inye babeyamkele abokuqala. UMyalezo wexa langokuhlwa ugcinwe kwaphaya emva, ukuze ubuyisele kwalaa nto inye kwakhona.

40 Wukhumbule ke laa mbono weveki ephelileyo, wokuba xa uMtshakazi esiza kubakho . . . umbonakaliso wangaphambili wakhe. Uye wavela loMtshakazi mncinane, uthandekayo, embonweni. Ndaze, ndingacingi ngaloo nto; ndihleli nje ndikhangele phandle. Kwavela uMtshakazi. Ndeva iZwi ecaleni kwam, lisithi, "Nangu umboniso wangaphambili woMtshakazi." Waze Wadlula kufutshane. NdaMqaphela, indlela abe yiyo, ethandeka kakhulu, emhle, esemtsha. Ebenyathela nje kakuhle njengokuba Enokuba nako, ngokuthe chu; njengo—njengomfazi, indlela abahamba ngayo ngokunenceba, ngokobunenekazi. Yindlela Abehamba ngayo leyo, esiza ngapha ngasekunxele kum *kweli* cala, waze Wemka esiya kutshonela kum.

41 Ngoko Wabuya wabuyela ekunene kwam, waze Wandibonisa ngalinye ibandla njengokuba enyuka ephuma kwizigaba zexesha. Waze, owu, indlela ebelingcole ngayo! Elokugqibela ke ibilelibandla lesigaba somhla wokugqibela, ebelikhokelwe ligqwirha. Indlela ababenxibe ngokungenambeko ngayo, likhangeleka lingcole kakhulu! Nabo ke bematsha besenzela umjuxuzo we-rock-and-roll. Abo bafazi ke bezijula ekujuxuzeni, bebambe nje iphepha, elingwevu, ubuhanahanisi, igam-. . . Ubungwevu buphakathi kobumnyama nobumhlophe, bungumbala oqhathayo. Into engwevu ayimhlophe ingemnyama. Ngumbala oqhathayo. Iphepha ke elikhangeleka lingwevu, belibambe apha phambi kwabo, benxibe iilokhwe eziyimibhinqo ezikhangeleka ngathi lilaphu elisefusefu belibambe apha phambi kwabo, ngeliphandle beze ukususela esinqeni ukunyuka. Bematsha ke besiya . . . okanye kwixesha, okanye bejuxuza, beqhubeka kunye naloo mculo, behamba benyuka. Waza wathi, "Nalo ke ibandla."

42 Bathe ke bakudlula kum, intliziyo yam yasuka yaphelelwa. Ndacinga, "Ukuba ngaba yinto efuna ukusiwa kuKristu na leya, njengoMtshakazi? Kuyo yonke imizamo nezinto umntu aye wazenza, ukuzama ukuvelisela uKristu uMtshakazi; kwaye ibububi, ikukungcola, ihenyukazi elikhangeleka lingcolile libizwe ngokuba nguMtshakazi kaKristu?" Yandenza ndakhathazeka kakhulu entliziyweni.

43 Lithe lakudlula, emva kokuba li . . . Leza phambi kwaloo ndawo besime kuyo, libambe iphepha ngaphambi kwalo, lijuxuza, lingqisha, lizisa kweli cala nakwelicala, njengokuba lihamba, kanye njengalomjuxuzo ukhoyo banawo namhlanje, lizisebenzisa kwimeko yokuziphatha kakubi njengokuba lidlula limatsha.

44 Andinatyala ngenxa yezi zinto. Ndithetha kuphela oko ndikubonayo. UThixo ke nguMgwebi wam, kodwa elo ke ibilibandla eliphuma eMelika.

45 Ngoku, njengokuba lidlula nje, wonke umva lo ubungenanto iwugqumileyo ngokupheleleyo. Kwaza kwathi ke njengokuba lidlula, ndaziva ndiphelelwe ndigula.

46 Waze ke ngoko Wathi, "UMtshakazi useza kuvela kumboniso wangaphambili kwakhona." Nanko ke uMtshakazi esiza emva kwalo, laa Mtshakazi ukhangeleka ngendlela efanayo ubedlule ekuqaleni. Yaze intliziyo yam yaxhuma luvuyo, ukwazi ukuba kusaya kubakho uMtshakazi. Kwaye Uyakwenziwa kwangento enye, anxitywe kwangento enye, kunaleya Wayeyiyo ekuqalekeni. Uzakubizwa.

Kwaye ndiyazi ukuba yiNyaniso leyo. Ukuba asiyonyaniso leyo, ngoko wonke umbono endakhe ndaba nawo ngaphambili ubungeyonyaniso. Kwaye wonke umntu uyazi, ukuba, akukho nento enye Awakhe wasixelela yona ngaphandle kweNyaniso. Iyenzeka, ngolo hlobo . . .

47 Ngoko ke ungakubona, ngoko, ukungcola kwebandla langoku, lizibiza ngokuba "libandla"?

48 Njengokuba umntu othile wathi ngenye imini; uMzalwana uRuddell, umzalwana wam othandekayo, ume phaya woyame ngodonga phaya ngoku. Wathi, ulibona njengesimungunyi esikumthi wediliya. Sasiyixoxa ke sisegumbini ngenye imini. Waze uMzalwana uRuddell wahlupheka kakhulu ziimeko zexesha ne—nendlela yokuziva komoya emabandleni namhlanje, indlela ekuthe kwaqala ngayo ukuhla. Abalungiseleli bevela kwindawo zonke, kubuzwana apha phandle, kubuzwa, "Kwenzeke ntoni, Mzalwana uBranham? Kwenzeke ntoni?" Owu, nkosi!

49 UMzalwana uRuddell wandibuza umbuzo, "Ingaba baphila ngomoya kaSathana, okanye kwenzeka ntoni?"

50 Ndathi, “Hayi, isimungunyi esilisebe siphila ngamandla womdiliya.” Siyaphila ngenxa, yesiqhamo esinencindi, i—ilamuni iyakukhula kumthi we-orenji; kodwa ayingekhe ivelise i-orenji, nangona iphila ngobomi bazo.

Nebandla ke, elibizwa njalo, lilisebe nje, elixonyezelelwe phantsi kwegama lonqulo, phantsi kwegama lebandla. UbuKatolika nobuProtestanti, ngamasebe nje, atsala i . . . esusa kumandla oMdiliya; nangoko ke avelisa isiqhamo sento ayiyo, ngenxa yokuba ebengaguqukanga. Babengekho kunyulo lwakwangaphambili, lwecebo lakuqala likaThixo, naso isizathu esibangela ukuba baphike iLizwi baze bavelise ezinye iintlobo zesiqhamo. Umthi onguwo wokwenene, ezingcanjini zawo, wawunyulwe kwangaphambili khon’ukuze uvelise ii-orenji kumthi wee-orenji.

UYesu wathi, “Mna ndinguMdiliya; nina ke ningamasebe.”

51 Kodwa ukuba loo mthi uthe wavelisa elinye isebe, liyakuvelisa eso siqhamo sawo sakuqala. Kwaye kufanele ukuba kubekho ukubuyiswa kwezi zinto, kanye ekupheleni koMdiliya. Kuyakubakho, kuyakufika, ukubuyiselwa, ukuKhanya kwangokuhlwa ukuze kuzokuYikhanyisa kuyenze Ilunge. Kodwa kuyakuvela kuMdiliya, hayi kumahlelo axonyezelelweyo kuWo; koko kwimveliso yakuqala yeLizwi. Kuyakufika ngexa langokuhlwa. “Kwaye kuyakubakho ukuKhanya ngexa langokuhlwa.” KuKukhanya okuWuvuthisayo.

52 Niyayibona indlela engokweSibhalo ngayo! “Yimini engayikubizwa ngokuba yimini okanye ubusuku.” Isiqhamo asinakuvuthwa ngaphandle kokuba ilanga lisivuthiswe. Akukhathaliseki nokuba ushumayela kangakanani na, nokuba wenza ntoni na, asingekhe sivuthwe, asingekhe sibonakalaliswe, asingekhe singqinelwe; kuphela kungaYe Lowo wathi, “Mna ndiluKhanyiselo lwehlabathi,” iLizwi. Ngoko kufanele ukuba kuvele a—a—aMandla, uMoya oyiNgcwele ngokwaKhe, ukuze avuthiswe, okanye angqinele, okanye aqondakalise, okanye ukwenza kubonakalaliswe oko Wakuxela kwangaphambili ukuba kuyakwenzeka ngalo mhla. Ukukhanya kwangokuhlwa kuyakuvelisa loo nto. Elinjani lono ixesha!

53 UMtshakazi wadlula ekwindawo enye nale Wayekuyo ngoku Wayesekuqalekeni. Kodwa ndandimjongile ephuma kwisingqi, ndazama ukumbuyisela. Ngoku, kuninzi ekunokuthethwa malunga nezi zinto, zomhla esiphila kuwo.

54 Ngoku, uHoseya wathi, kwisahluko se-6:1, “Buyelani kuYehova.” Khumbula, wathi bayakuchithwa-chithwa, baze bachithwa-chithwa. Wathi, “Bayakubuyela kuYehova, emva kokuba bechithachithiwe, Uyakuthi, uyakubabopha.” Qaphela,

"Ukubuyiswa . . . Bayakuchithwa-chithwa; okwesibini . . . Bakrazulwa, bamfanyekiswa." Kwenzeka kanye loo nto. "Uyakusiphilisa, asibophe."

NjengoHezekile 37, "Amathambo omileyo, intili izele ngamathambo omileyo." UHezekile wayibona, nokubuyiswa kwabo kwakhona.

Ngoko ke qaphela, uHoseya wathi, "Kwakuba ntsukumbini! Kwakuba ntsukumbini Uyakubabuyisa. Uyakusamkela asinike, asivuselele." Ngoku, *ukuvuselela* akuthethi "uvuko." *Ukuvuselela*, apha, kuligama elinye elisetyenziswe kuyo yonke enye indawo, ndiye ndalikhangela, kuthetha "imvuselelo." "Uyakusivuselela kwakuba ntsukumbini." Loo nto iyakwenzeka, "Ngosuku lwesithathu Uyakusivuselela kwakhona, emva kokuba Esichitha-chithile, wasimfamekisa, wasikrazula."

55 Uyazi, amaJuda amfanyekiselwa eso sizathu sokuba sibe nokubona thina. Bakrazulwa phakathi, bachithwa—chithwa, njengesizwe, baze bamala uMesiya wabo; khon'ukuze simamkele uMesiya, ukuze kubekho abantu ababizwayo bephuma eziNtlangeni ngenxa yeGama laKhe.

56 Ngoku, indoda iyeza, asuke umfazi athabathe igama layo. Ezi Ntlanga zimfanyekisiweyo zingenakulibona iGama, "iNkosi uYesu Kristu," elubhaptizweni! Kubi ke kakhulu, kodwa kufanele ukuba kube njalo. "Mnye kuphela onokukubona oko; ngulowo wanyulwa kwangaphambili, kungenjalo awunakuze uyibone."

AmaJuda akazange abe nakumbona ukuba unguMesiya wawo. Kwaye, nangona, ayezizifundiswa nezifundiswa zakwalizwi, amadoda emfundo eyazekayo, efunda leBhayibhile inye uyifundayo. Ngoku, emva kokuba yenziwe yazeka kuthi, siyibona ngokucacileyo, ukuba yayinguMesiya lowa. Kodwa, babengenakuyibona, abanakuyibona nanamhlanje. Baprofethwe njengabaya kuba bemfanyekisiwe, nabo.

57 Ibandla, namhlanje, liprofethwe ukuba liyakumfanyekiswa, liwale uMyalezo wexa langokuhlwa. ISityhilelo 3 satsho, "Ulusizana, uludwayinge," qaphela imeko yomtshakazi ngobunye ubusuku, okanye ibandla, "lize, liyimfama, libe lingayazi loo nto." NKosi Yesu, yiba nenceba kuthi! IBhayibhile yathi liya "kuba ze." Bendingayiboni loo nto kwade kwangoku. Ibandla laseLawodike lalize. Kwaza kwathi ekuveleni kwalo ngobuya busuku, "lalize," bendingayiqapheli loo nto, "laye lingazi."

58 Owu, indlela endinombulelo ngayo! Indlela, akumangalisi ukuba sibe sikuvuyela olu hlobo! Ndiva ukuba asinambulelo ngokwaneleyo zizinto uThixo enza ukuba sizazi.

59 "Ukuba ze." Umbono ke wathi, wandibonisa ukuba lalize laye lingayazi loo, nto "limfanyekisiwe." Njengokuba uSirayeli

wayemfanyekisiwe ukuze iiNtlanga zibe nokungena, ngoku iiNtlanga zimfanyekisiwe ukuze uMtshakazi abe nokukhutshwa noSirayeli abe nokwamkela iSidlo samaxilongo. Igqibelele olo hlobo!

60 "Kwakuba ntsukumbini Uyakusivuselela, okanye asinike imvuselelo, esihlanganisa, amaYuda," ethetha kula maXilongo ngoku. Kwaye Uyakwenza njalo . . . "Size siphile ebusweni baKhe, okanye sibe noBomi obunguNaphakade. 'Yabona, siyakuba sebusweni baKhe." IBhayibhile yathi apha kuHoseya, yathi, "Kwaye siyakuphila ebusweni baKhe; uBomi, sibe noBomi ebusweni baKhe." BuBomi obubobaKhe obo, uBomi obunguNaphakade, "sibe noBomi ebusweni BaKhe."

"Elo liphila eziyolweni lifile ngoku liphilayo." Ngoko si . . . sithembisa ukuba uSirayeli uyakuba noBomi ebusweni baKhe. Ebefile ngokupheleleyo, kwizizathu, nakwisidlo sepentekoste.

61 Ngoku qaphela, kakuhle. "Kuze emva kwentsuku ezimbini." Ngoku, oko akuthethi iintsuku zamashumi amabini anesine eeyure, kuba yenzeka . . . Loo nto yenzeka kudala, phaya kumakhulu amaninzi eminyaka eyadlulayo. 'Yabona? Yayithetha, "iintsuku ezimbini eNkosini," emva kwamawaka amabini eminyaka. Ngoku, uyazi ukuba kulixesha elingakanani ukusukela kwelo xesha? Kukumashumi amabini anesixhenxe amakhulu eminyaka ukusukela ngoko, kuba uHoseya apha wayengo B.C. 780. 1964, 'yabona, sekuyinto ephaya ngaphezu kwamashumi amabini anesixhenxe amakhulu eminyaka eyadlulayo. Wathi, "Emva kwentsuku ezimbini, ngosuku lwesithathu, Uyakusivuselela kwakhona, asinike uBomi phambi kwaKhe." Nalo ke iXilongo lakho lingena. Yile yure siphila kuyo ke leyo, lo mhla siphila kuwo.

62 Ngoku, babechithachithiwe, bamfanyekiswa, bahlanganiswa, ngoku bangene kakhulu kumhla wesithathu. Uyayibona? Babechithachithiwe, ukususwa ePalestina, kwihlabathi liphela. Bamfanyekiswa, ukuze bamale uMesiya. Ngoku ke bahlanganiselwe kumhlaba wabo, belungele aMaxilongo, ukuze bayiqonde iNtlawulelo.

Njengokuba yatshoyo iBhayibhile, "BakuYamkela, baMfumane enamanxeba ezikhonkwane," emva kokuba iBandla lithathiwe, "baze bathi, 'Wawafumana phi na la manxeba?' Wathi, 'Endlwini yabazizihlobo zaM.'" Waze Wathi, "Bayakuzahlula, usapho ngalunye, baze bakhale balile, iintsuku, njengosapho lulahlekelwe ngunyana walo." Khumbula, ukuba isidlo saMaxilongo sasizakwenza oko. "Ukulila, ukuzila ngenxa yeDini elibuleweyo," kwaye babeMalile.

63 Basemhlabeni wabo. Babechithachithiwe, bemfanyekisiwe, ke ngoku bahlanganisiwe. Yonke ke loo nto yayiphantsi kweTywina leSithandathu, aMaxilongo abo aSixhenxe . . .

avakaliselwa ukubahlanganisa, iXilongo leSithandathu. Eliya leSixhenxe "lela Xilongo liKhulu," njengokuba besivile kwiCawe ephelileyo. IXilongo leSithandathu lavakala phantsi kweTywina leSithandathu. Kanye njengokuba iTywina leSixhenxe lethu lalivulwa, yonke into ngexesha elinye; kuphela, ngawawo avakaliswa kunye; apho, besisoloko sikhona amawaka amabini eminyaka kwisidlo sepentekoste.

64 Ngoku, ngamashumi amabini anesixhenxe amakhulu eminyaka ukusukela kweloo xesha. Wathi, "Ngosuku lwesithathu, siyakuhlanganiswa kwakhona. Emva kweentsuku ezimbini, ngosuku lwesithathu, uyakusihlanganisa kwakhona, samkele uBomi ebusweni baKhe." Niyasibona isithembiso? Le yure ibhalwe eludongeni ngokugqibeleleyo. Siyabona ukuba siphila phi na.

65 Ngoku basemhlabeni wabo, belindele isidlo saMaxilongo, okanye ukuqondwa kweNtlawulelo, nokulindela ukuBuya, nokuzilela okwa kwaliwa kwexesha lakuqala apho baYala khona. Basemhlabeni wabo ngenxa yoko, belindile. Batheni bonke . . . Yonke into ibekwe ngendawo yayo.

66 Njengomlungiseleli weVangeli, andiboni nanye into eseleyo koko kukuhamba koMtshakazi. Kwaye uMtshakazi ufanele ukuba athatyathwe emke phambi kokuba babe nokuyiqonda into eyenzekayo. Babebotshiwe, bachithachithwa . . . Ndithetha ukuthi, babechithachithiwe, bamfanyekiswa, ngoku ke bahlanganisiwe. Yintoni eseleyo? Kukuba uMtshakazi athatyathwe ahambe emke. Kulindelwe ukumka koMtshakazi, koko abaprofethi babo beSityhilelo 11 bayakuba nokubabizela isidlo saMaxilongo, ukubenza ukuba baqonde into abayenzayo.

67 Khumbula, kanye phakathi kwaloo Matywina, kwavela iTywina leSithandathu. Kwaze kwakho ikhulu elinamashumi amane anesine lamawaka, elanyulwayo labizwa. Kwaye phakathi kweleSithandathu neleSixhenxe iXilongo, iSityhilelo 11 siyavela kanye apho singqamane neTywina leSithandathu.

68 Ukwenzela ntoni? Sasisesokwenza ntoni? Oko ke kwakukuze kuziswe amangqina amabini, uMoses no-Eliya, abaprofethi. Abo, amaJuda akholelwa kuphela kubaprofethi bawo. Bayakuvela ke benomqondiso abaprofethi, umsebenzi wabo ke uyakuba ngowomprofethi, kuba benza kanye.

Bebonisa into enye, ukuba, umntu, xa usifa nokuba yintoni na, xa ushiya ihlabathi, isimo sakho asitshintshi. Ukuba ulixoki ngoku, uyakuba lixoki naphaya. Ukuba unentloko ebuhlungu apha, uyakuba nentloko ebuhlungu naphaya. Ukuba ungumthandabuzi apha, uyakuba ngumthandabuzi naphaya. Madoda nani bafazi, lixesha lokuba nizishukumise nizihlolisise, nibone ukuba simi phi na, kuba ukufa akukuguquli.

69 Babeminyaka engamawaka amabini bemkayo. UMoses unokuba unamakhulu angamashumi amabini anesihlanu eminyaka wemkayo, u-Eliya yena okoko . . . Kusondele kumakhulu angamashumi amabini anesihlanu eminyaka u-Eliya wemkayo, noMoses wemkayo, naku ke bebuya benesaa simo sinye besenza kwalaa nto inye.

Ukufa akwenzi nto emntwini koko kutshintsha nje indawo yokuhlala yakhe. Akusitshintshi isimo sakho. Akulutshintshi ukholo lwakho. Akutshintshi nto kuwe koko yindawo nje yakho yokuhlala.

70 Ngoko, nokuba siloluphi na uhlobo isimo sakho kusasanje! Ukuba ungumthandabuzi weLizwi likaThixo, uyakuba ngumthandabuzi nangaphaya. Andikhathali nokuba ungcwele kangakanani na, uphila njani na, nokuba uphila ngokulunge kanjani na, akunako ukukutshintsha nakancinane ukufa, kutshintsha nje indawo yakho yokuhlala. Kwaye ukuba akunakulamkela lonke iLizwi likaThixo ngendlela eLibhalwe ngayo, awunakuze wenze njalo naPhaya; ngoko, musa ukuzihlupha, awusayi kuba Phaya.

Kufuneka uLamkele ngenzaliseko yaLo, emandleni wokungqinelwa kwaLo nokutyhilwa kwento eLiyiyo, ngoko uba yinxenye yaLo. ILizwi laKhe Ayakulivusa, njengokuba Wenzayo ngeLizwi laKhe ngentsasa yokuqala yePasika. LiLizwi laKhe kuphela elaphumayo, nabo bafa beseLizwini laKhe, bekholwa liLizwi laKhe waza walingqinela iLizwi laKhe.

71 Qaphela, ngoku, kwakukumakhulu angamashumi amabini anesixhenxe eminyaka yadlulayo. Qaphela, babechithachithiwe, bemfanyekisiwe, ngoku ke sebehlanganisiwe. Ngoku, into elandelayo kukuba bayakwamkela uBomi. [UMzalwana uBranham unkqonkqoza epulpithini—Mhl.]

72 NeeNtlanga ke zibiziwe zakhutshwa. UMtshakazi sele elungile. UXwilo lusondele. Ingaba siyakuqonda oko? Siyakukholelwa ngenene? Ingaba libali nje elibalisiweyo? Ingaba liyintsomi, kuthi? Ingaba yinto evakala iyinene? Ingaba yinto thina, apha phandle, esinokuyikholelwa? Okanye, ingaba yinto elapha kuthi, eyinxalenye yethu, ebubomi ngokugqithileyo kuthi? Ingaba siyivela ngaluphi uhlobo, kusasanje, kulo Mnquba? Khumbulani, iyakuba ngumhlambi omncinanana Oyakulamkela.

73 Ngoku emhlabeni wabo, balinde aMaxilongo. Ngoku balinde ukuhamba kowabo uMtshakazi, ukuze iSityhilelo 11 sibe nokuzaliseka. Isigaba sebandla siphelile; amaTywina sele evuliwe, abonisa oko bakushiyelelayo kwisigaba sebandla, noMyalezo sele unikezelwe. USirayeli nguye oseqongeni, haleluya, elungele isidlo saMaxilongo.

74 Owu, nina madoda akumanye amazwe eniyakuthi nive eli khasethi, awunakuvuka, mzalwana wam? Mhlawumbi, ibe liyakumfamekisa? Ingaba mhlawumbi uyakuLilahla ukubize Oku ngokuba sisiprofetho sobuxoki? Ngelithuba, Kungqinelwe phambi kwakho, lihlabathi, lixesha, ngabantu, nanguMoya oyiNgcwele OwaLibhalayo. Lingqinelwe, kokubini ngokwendalo, ngokomoya, nangokubonakalayo. Yonke into Awayithethayo izalisekile yaqondisiswa.

75 USirayeli usemhlabeni wakhe; wabaqhuba ebangenisa phaya, wabatyhala ebangenisa phaya, ngokwezimvu. Iingcuka zalandela emva kwakhe zamleqa zaya kumfaka kwindawo engenangozi, emhlabeni wakhe. Nikhumbule, uSirayeli wayethenjiswe kuphela usikelelwa ngethuba esemhlabeni wakhe. UThixo akakhe amsikelele uSirayeli engaphandle komhlaba wakhe. U-Abraham waphuma kumhlaba wakowabo, wakhalinyelwa. Nabani na owushiyayo umhlaba uyakhalinyelwa. UThixo unokumsikelela kuphela uSirayeli xa ehleli emhlabeni wakhe, ngoku ke ulapho esisizwe. NeBandla libiziwe; ulindele kuphela nje uXwilo, loMtshakazi ukuba akhutshwe.

76 AMatywina avuliwe. Siyityhilelwe. Siyayibona into abayishiyelelayo. Nina basafuna ukuxoxa nokuxambula ngembewu yenyoka, nobhaptizo lwamanzi, nezinye, nimfanyekisiwe nibe ningayazi loo nto. Uthixo weli phakade unimfamekisile, kuloo Nto, kwaye nina anikwazi oko. Akumangalisi ukuba ndibe nexesha elingaka kule ntsasa, ndisilwa kwezoo ngcinezelo!

77 Ngoko abaprofethi babo banokutyhilwa kulomhla wokugqibela; abanako ukwenza, kuMaxilongo, esidlo saMaxilongo.

78 Wathi, ngomlomo kaHoseya, “Ndiqwengile.” Ngoku khangela, nguSirayeli lo Athetha naye. “Ndiqwengile,” ngamanye amazwi, “Ndixabele, ndibaxabele, ngabaprofethi.” Yindlela abenza ngayo abantu baKhe leyo uThixo. Wabaxabela ebasusa kuzo zonke izizwe. Ngantoni? NgeKrele laKhe elintlangothi mbini, iLizwi laKhe. Wabaxabela, isizwe saKhe, esikhupha ezizweni. Wasixabela isizwe saKhe, esikhupha ezizweni, ngabaprofethi, iLizwi laKhe elingqinelweyo.

Ngokunjalo Umxabele uMtshakazi waKhe emkhupha kumahlelo, ngeLizwi laKhe; elathenjiswayo ngoMalaki 4, kumhla wokugqibela. Wamxabela wavela uMtshakazi waKhe, waMqwengwa emsusa kuwo wonke amanye amabandla! Waqwenga kwavela uMtshakazi wakhe!

79 Waxabela, kwaphuma abaprofethi baKhe; ngabo, ngabaprofethi baKhe ke, abaneLizwi exabela uSirayeli. “Zahluleni nina kwabanye aba.”

Khangela xa babefuna ukwenza njengokuba abanye besenza. Baya kumprofethi, uSamuweli. Wathi yena, “Ndakhe ndathabatha imali yenu na? Ndakhe ndathetha into kuni, eGameni likaYehova, yaza ayenzeka?”

Bathi bona, “Hayi, injalo, injalo loo nto, kodwa nangoko sisamfuna ukumkani.”

80 Yiloo ndlela ke enze ngayo amabandla. “Owu, siyakholwa liLizwi. Lilungile, kodwa, uyazi, bathi kufanele ukuba senze *oku*.” Andikhathali nokuba bathini na. LiLizwi elinyanisileyo!

Elindile. Ubaxabele baphuma, ngabaprofethi.

81 Kuxesha nini, mzalwana? Kuxesha nini, mfundisi? Uyalibona ixesha lemini, nomqondiso ophila phantsi kwawo? Ingaba uyayiqonda? Uyayibona na?

82 Kwindawo yonke ngoku, akukho mvuselelo. Wonke umntu uyakhalaza, abefundisi bayalila. Bendifunda kwi—kwiphephandaba elibalulekileyo elifikayo apha ebandleni, iphepha elilunge kakhulu. Kwaye ndiyamazi umhleli walo, ndiyabazi abo bantu kananjalo. Kwaye bangabantu abanobuthixo, abalunge kakhulu, uMzalwana noDade uMoore, be–*Herald of His Coming*. Elinye lawona maphepha alungileyo asentsimini, i–*Herald of His Coming*. Kodwa phantse abashicileli nantoni na ngaphandle kokuba ibe, “Zila, thandaza! Zila, thandaza! Ukuvakalisa ixilongo! Ukufumana . . .” Bangaphi abalifundayo? Niyazi. Nilibona lonke ixesha, “Zila, thandaza! Zila, thandaza!” Yiloo nto kuphela oyivayo. “Zila, thandaza!” Siyakuba nokuvelelwa okukhulu kwanamhlanje! Kukho into enkulu ezakwenzeka! Nonke, thandazani, thandazani, thandazani! Asikaphelelwa lixesha kangako!”

83 Niyenzela ntoni loo nto? Niyenzela ntoni loo nto? Bafuna ukuvuseleleka okukhulu. Bayalila, bekholwa ukuba kuyakubakho ukuvuseleleka. Bangabantu abalungileyo. Kutheni lento kunjalo? Benze ntoni? Abakuqondanga ukuvuselelwa koMtshakazi. ’Yabona? Ngokuba nguMkristu, bayakuva ukuxhuzula kweyure, koko abakuqondanga oko bekusenziwa. Yiloo nto ebenza ukuba bazive ngolwaa hlobo. Bayazi ukuba kukho nto ithile imele ukwenzeka, koko, ’yabona, bakhangele ukuba loo nto yenzeke kude phaya kwixesha elizayo, ngelithuba sele yenzekile kanye ecaleni kwenu.

84 Yinto enye ke leyo nale bayenza ngemihla yakudala. Babekholelwa kuMesiya ozayo. Babekholelwa ukuba uyakubakho unozakuzaku. Kodwa oko kwakulapho kanye phezu kwabo, baze abakwazi. Abazange bakuqonde. Babekholelwa ukuba uyakubakho unozakuzaku oyakwandulela uMesiya, basuka bamnqumla intloko. Bambulala uMesiya wabo, ngenxa yokuba kwakuprofethiwe kwathiwa bayakumfanyekiswa. UHoseya watsho.

85 Kwaye loo Moya, wathetha ngoHoseya, wathetha ngoYohane wathi ibandla ngemihla yokugqibela “liyakubaze, libeyimfama, lize liMkhuphele ngaphandle kwebandla.” Basilele ekuziboneni ezoo ziprofetho zizaliseka. Kodwa, ngenxa yokuba bephakathi apho, bayaqonda ukuba kukho into emelwe kukwenzeka. Koko nje abayifumani. Abayiqondi. Kanye njengamaJuda exesha lakudala; yiLawodike emfanyekisiweyo; ubutyebi, imfundo yelizwi, belikhohlakalele iBandla, bekhohlakele ngokubhekiselele kuMyalezo. Khangela indlela awayemkhohlakalele ngayo uYohane laa maJuda. Khangela indlela ababemkhohlakalele ngayo uYesu, ngelithuba wayenguLowo kanye babebanga ukuba balindele yena.

[Isixhobo sokwenza isandi senza ingxolo etswinayo—Mhl.] Ndiyakholwa ukuba sigqajukelwe yi-fuse. Ndiyakholwa ukuba inokuba zicimile izishicileli-mazwi. Ayenzanga njalo. Kulungile.

86 Babewukhohlakelele uMyalezo.

Into eyenzekayo, kukho amandla obushushu amaninzi; mntu ngamnye kuni usisikhuphi sobushushu. Akukho ndlela nje yokuba lingagcineka ibandla likwimo eyiyo, phantsi kwala maxesha. Kuba, niyabona, mntu ngamnye kuni ungama-98 e-BTU, ngokuqhelekileyo. Kwaye ke anihlalanga nje apha ngolo hlobo; nikhupha ubushushu njalo. Kukho umoya owaneleyo apha onokwenza le ndawo ikhenkcezeke Kodwa, ngenxa yesikhuphi bushushu esiqhubekayo, ni—aninakuyenza loo nto.

87 Qaphela, ekhohlakele! Kodwa, ngoku, njengamaYuda akudala, bamfanyekisiwe! BaseLawodike. Baze, “balusizana, baludwayinge, babe bengayazi loo nto.” Umhla wobutyebi, neemfundiso ezinkulu zelizwi, imfundo enkulu, ngoku ke basuke bakhohlakala ngokubhekiselele kuMyalezo. Abafuni nto yakwenza naWo, kanye njengokuba kwakunjalo ngemihla kaYesu waseNazarethe xa wayesemhlabeni.

88 Isizathu sokuba abantu, bomhla kaNowa, bangangeni enqanaweni, kungokuba abazange bawuqonde umyalezo kwakunye nomthunywa. Naso kuphela isizathu esenza ukuba batshabalale, kungokuba abazange bayiqonde iyure ababephila kuyo. Abazange bamqonde uThixo ukuba uyakusohlwaya isono njengokuba Wayethembisile ukuba Uyakwenza. “Wayezakubatshabalalisa abantu, abasuse ebusweni bomhlaba.” Wayeyiprofethile. Wayenyanisile ke. Kwaye Unyanisile namhlanje kanye njengokuba Wayenyanisile ngoko.

89 Kodwa abantu, endaweni yokuba babekwicala likaNowa, wasuke wabalelwa ekubeni uyindoda engqwabalala. Babengamkholelwa ukuba ungumprofethi. Uyazi, uYesu, Yena NgokwaKhe, wasixelela indlela abanyelisa ngayo ngemihla kaNowa, behlekisa ngaye, bembiza ngokuba ngumbaxi

wezinto nayo yonke enye into. Kodwa abazange bayiqonde iyure yabo. Abazange bawuqonde umhla wabo. Abazange bayiqonde iyure yabo. Abazange bawuqonde umyalezo. Abazange bamqonde umthunywa, koko bamkhupha phakathi kwabo bamhleka. UYesu wathi, "Njengokuba kwaye kuhle ngemihla kaNowa!"

90 NoSirayeli ke usemhlabeni wakhe, yonke into imile ngoku, noMyalezo uhamba ngokugqibeleleyo ukungena, siphila kowuphi umhla, mzalwana? Siphi?

91 Babengawazi umhla. Babengazi. Naso isizathu sokuba bawuphose, kungokuba babengawuqondi. Babefana nomhla, kanye benendawo yokufana nabantu banamhlanje, bemfanyekiswe kukuqonda izinto ngenzululwazi, ziinkqubo zezemfundo, ngamaziko emfundo yezakwalizwi. Nezinto ezazibamfamekisa ngaloo mhla, kwenzeka into enye naleyo namhlanje. Ibamfamekisile, kwakhona.

92 Kwaye, kwakhona, ubulula, ubulula bomyalezo nomthunywa! UNowa wayengengomntu wanzululwazi. Wayengeyendoda efundileyo. Wayengumlimi olihlwempu, ethobekile, enomyalezo olula. Wawulula kakhulu kwimfundo yabo ephakamileyo.

Kunjalo nanamhlanje! uThixo usoloko eyenza ibe lula, ukuze afumane abantu abaya kuthembela kuYe. Wahlukile, wahlukile uMyalezo, kodwa isenguThixo omnye. Ngoku ndifuna ukuba niWukholelwe niqonde ukuba uThixo uWuthethile.

93 UYesu wathi bamphoxa umprofethi waKhe, uNowa. Kwaye njengokuba babephoxisa ngaloo mhla, baya kwenza kanye loo nto kwakhona ekuBuyeni kwaKhe. Bayakwenza kwa into enye.

Naso isizathu sokuba uFaro arhaxwe emke elwandle. Akazange awuqonde umhla wakhe. Akazange ayiqonde into eyayiqhubeka. Wasuka wathabatheka zizinto awayekwazi ukuzenza zesigaba senzululwazi sakhe, ukwakha izixeko ngabasebenzi abangamakhoboka. Waye—wayexakeke kakhulu, ukuba abe nokuliqonda ithuba awayenalo, waze wamala umprofethi-mthunywa kaThixo wamkhuphela entlango. Akazange awuqonde. Naso isizathu esenza ukuba ezo zinto zihambe ngendlela ezahamba ngayo. Akazange awuqonde. Ukuba nje wayenokuqonda iLizwi lesithembiso likaThixo, kwabo bantu!

94 Ukuba amabandla namhlanje angakuqonda nje, ukuba amabandla angaliqonda nje iLizwi likaThixo elenza esi sithembiso sale yure, ebantwini, abanakutshabalala.

Ukuba iMelika ingawuqonda nje umgaqo eyathi yawuzoba, ibingayi kuyithanda into yokukhupha iiBhayibhile ezikolweni,

ilisuse iGama likaThixo kwingqekembe zemali, nokubhambathisa umbuso ophantsi koThixo. Kodwa ke ayikuqondi. Ngoba? Iyimfama, ize. Ayiliqondi igazi labo bafana bathandekayo bafa emathafeni ngenxa yeli lungelo. Balityelwe; baluthuli.

95 Kodwa Ukho Lowo ulikhumbulayo igazi labaprofethi, ukuba kwathabatha ntoni na ukuziswa kweVangeli kuthi namhlanje. Indlela amawakawaka adliwa zingonyama ngayo, ajulwa emihadini, asarhwa phakathi, atshiswa, abethelelwa! uThixo uyayiqonda loo nto.

Ibandla libalibele abaprofethi balo. Abasa "bafuni nganto kwakhona," babanga oko. Kodwa uThixo uyazi ukuba Uyakuba nabo; Uyabaqwenga abantu baKhe ngeLizwi laKhe. Kodwa Yindlela endala kakhulu leyo kubo kulo mhla. AbaYiqondi. Naso isizathu sokuba babe kule meko bakuyo. Naso isizathu sokuba babe "ze, babezintsizana, babe zimfama, babe ludwayinge, babe bengayazi loo nto," kungokuba abayiqondi iyure esiphila kuyo. Abayiqapheli.

96 UMoses, wawuqonda umhla wakhe nobizo lwakhe, akubona isithembiso seLizwi likaThixo laloo mhla lingqinelwe. Wazi ngoko, waqonda ukuba wayeyintoni na nokuba wayeza kwenza ntoni na, ngeLizwi elithenjisiweyo. Ngoko akazange oyike nto ithethwa nangubani na. Akazange abe nantloni ngumyalezo wakhe, nangona wonke umpriste naye wonke ufaro, yonke into, lonke igunya, lalingavumelani naye. Kodwa waqonda akukubona okwakuKhanya, laa Ntsika yoMlilo indanda kwela tyholo, yaze yathetha naye iLizwi elalithenjisiwe lalo mini, yathi, "Ndikubizele ukuba ulenze." Akazange azoyike—azoyike izoyikiso zokumkani. Wehla esiya kubakhupha aboo bantu ebasa emfudukweni, njengokuba iLizwi likaThixo lalithembisile.

97 Ebona ukuba isithembiso singqinelwe, wenza abantu ukuba balungele imfuduko. Nini? Akubona ukuba isithembiso sikaThixo singqinelwe. Khumbula, wayebaleka enemfundo yakhe yezakwalizwi; wayebaleka enoqeqesho lwakhe. Kodwa wathi akulibona iLizwi likaThixo libonakalalisiwe, walibona lingqinelwe, "NDINGUYE ENDINGUYE," ngoko akazange akhathale nokuba ngubani na othini na. Akazange ayoyike into eyakwenziwa nguFaro ngaye. Akazange oyike nantoni na eyakwenziwa ngabanye. Woyika uThixo kuphela, ukuba mhlawumbi usenokungamqondi uThixo, okanye ukuba ngandlela ithile usenokungamqondi uThixo. Akazange aboyike abantu nento abaya kuyithetha okanye abaya kuyenza. Woyika uThixo kuphela, emva kokuba eliqondile ukuba yayiliLizwi likaThixo.

98 Wayengayiqondi indlela indoda enjengaye eyayinokuthunywa ngayo phaya ezantsi. Kodwa wathi

akuqonda, ngeLizwi elingqinelweyo, eyonanto kwakuyiyo, ngoko ke akazange ayoyike imithetho kakumkani. Ukuba nje ubunokuyiqonda, ukuba thina namhlanje besinokuliqonda! UMoses wakuqonda akubona iLizwi elingqinelweyo, wabona ukungqinelwa kusenziwa, Wayesele elungele imfuduko yabantu.

UYobhi akazange aqonde ukuba yayinguThixo. Okoko nje usathana wayeno—nokwenza ukuba ukholwe ukuba ezi zilingwana zincinci udibana nazo zi—nguThixo e. . . ekohlwaya! YayinguThixo ezama ukumbonisa into. UYobhi akazange ayiqonde loo nto wade wabona umbono. NjengoMoses; wathi uMoses akubona umbono, iNtsika yoMlilo isetyholweni, wawungqinelwe. Wathi ke. . .

UYobhi, kumbuzo wakhe, "Ukuba umntu uyafa, unokubuya aphile kwakhona na? Ndibona umthi usifa, uyaphila kwakhona. Ndibona intyatyambo isifa, ibuye iphile kwakhona." Yayingumbuzo wakhe lowo. "Ukuba umntu ungqengqa eluthulini, aphume umoya, aphele. Oonyana bakhe bayafika bezokumbambazela, abe yena engayazi loo nto. Owu, ukuba Unokundifihla engcwabeni ude umsindo waKho udlule!" Wayengayiqondi indlela ethi ngayo intyatyambo ife ibuye iphile kwakhona, nendlela elithi ngayo igqabi livuthuluke emthini, liwe phantsi, lilale emhlabeni, lize libuye kwakhona libuyele entwasahlobo. Wathi, "Umntu uyangqengqa, aze ayephi? Ndiyakholwa kuThixo; kodwa kwenzeka ntoni ke emntwini?"

99 Kodwa ke ngenye imini waqalisa umbane ukulenyeza, zaqala iindudumo ukugquma, uMoya wehla phezu komprofethi. Waze wabona ukuza kweNdoda Enokubeka isandla saYo phezu komntu onesono, aze uThixo ongcwele, avule indlela. Waze ke ngoko wakhwaza, "Ndiyazi ukuba uMhlawuleli wam uhleli! Nokuba iimpethu zingawutshabalalisa lo mzimba, kodwa ndisenyameni yam ndiyakumbona uThixo!" Waluqonda into oluyiyo uvuko.

100 UBhileham akazange ayiqonde iNgelosi lade i-esile lathetha ngeelwimi. UBhileham akazange aqonde ukuba iNgelosi yayime endleleni yakhe. Umshumayeli omfanyekisiweyo wayengenakumqonda uThixo eme endleleni, ezama ukumnqanda ukuba angasithengisi isipho sakhe ngemali. Laze lathi lakuthetha i-esile ngezwi lomntu, waze uBhileham waqonda ukuba yayiyiNgelosi imi endleleni yakhe, izama ukumalela ukuba enze oko wayekwenza.

101 Owu, mahlelo ndini amfanyekisiweyo! Ukuba uThixo unokusebenzisa i-esile, elisisimumu, ukuba lithethe ngolwimi elingalwaziyo, ukutyhila kumlungiseleli ukuba uphumile endleleni, akanako ukusebenzisa umntu ukwenza kwa into enye? Bantundini bamfanyekisiweyo!

102 Ukuba u-Ahabhi wayenako ukuqonda ngomhla wakhe, ngewayengazanga wamgxeka umprofethi, uMikaya, eneLizwi likaThixo elalithenjisiwe kuye.

103 Ngethuba u-Ahabhi wayemi phaya ngalaa mini, yena no—noYehoshafati. Nangethuba babenabaprofethi abangamakhulu amane bephaya beprofetha, besithi, "Nyuka! Yonke into ilungile. Ahabhi, uphila esonweni. Usenzele ihlelo elikhulu! Singabantu ababalulekileyo. Silulungiselelo olukhulu. Sithi aba, singamakhulu amane abapriste abaqeqeshiweyo, okanye abaprofethi. Singamakhulu amane, aqeqeshiweyo eLizwini nakwimfundo yezakwalizwi. Sazi yonke into ngaKo."

104 Ngoku, ke, oko kwaqondakalisa ukuba babengazi nto konke ngoKo. Le ndoda babeyibiza ngokuba ngumntu ophambeneyo, kwisizukulwana esiphambi kwabo, u-Eliya, umprofethi wenyaniso kaThixo, wayeprofethile, "UTSHO UYEHOVA, 'Izinja ziyakulidla igazi lakho, Ahabhi!'" 'Yabona?

105 Kodwa abo bapriste, abaprofethi abenziwe ngabantu, bacinga ukuba babeyilungise yonke iNto kakuhle. Bathi, "Bawo Abraham . . . okanye Bawo Ahabhi, nyuka! INkosi inawe. Unaso iSibhalo, ngokuba uThixo wawunika uSirayeli umhlaba. NgokaSirayeli. Nyuka! INkosi inawe." Owu, bethu!

106 Kodwa, uyazi, uYehoshafathi, owayengazange azihlanganise esonweni njengokuba wayenzile u-Ahabhi, wazibona ngendlela eyahlukileyo kancinane izinto. Wathi, "Akukho wumbi na?"

107 Wathi yena, "Sinaye omnye apha, kodwa ndimthiyile." 'Yabona? Wayesenza ntoni uThixo? Ebaxabela abantu bakhe, ngomprofethi, kwakhona. "Ndimthiyile. Akenzi nanye into ngaphandle kokundigxeka lonke ixesha. Kwaye uyazi ukuba ndiyindoda ebalulekileyo. Ngendingenalo eli ziko lemfundo apha ezantsi ukuba bendingelokholwa libalulekileyo. Ndinamadoda aqeqeshwe mpela. Ndiwahlalise phaya eneencwadi neeBhayibhile, nayo yonke enye into, ukuba afundise oku. Kwaye ndiyazi ukuba angamadoda abalulekileyo."

Kodwa ukuba u-Ahabhi wayenokuqonda kuphela ukuba wayengubani na loo mfo, lo mfo wayekhangeleka elusizana oluncinane olugadalala, unyana ka-Imla, emi apho, emxelela, "ITSHO INKOSI," ngewayengazange ayenze loo mposiso imbi wayenzayo. Koko ke wamgxeka uMikaya. Akazange a . . .

Owu, bantu, siqondeni isigaba eniphila kuso! Khangelani ukuba kwenzeka ntoni na. Khangelani into ethenjisiweyo. Wuqondeni umhla eniphila kuwo.

108 Ukuba ibandla lehlelo namhlanje belinokuqonda kuphela ukuba kutheni na begxekwa nje, namalungu abo esaba kubo, kanye njengokuba uSirayeli waphumayo eYiphutha! Ukuba

amahlelo angayeka nje ukugxeka loo makhasethi, awaphulaphule! Nawe, mshumayeli, uphulaphule eli khasethi, phulaphula! Ukuba unokuyiqonda nje iyure ophila kuyo, ukuba unokuqonda nje umqondiso wexesha, ungabona ukuba kutheni na abantu bebaleka nje bemka kula mahlelo. UMoya weNkosi, uyabiza! "Akukho mntu unokuza kuM," watsho uYesu, "engathanga uBawo waM amtsale. Konke athe uBawo, kumaxesha angaphambili, waNdinika, kuyakuza kuM."

109 Njengalaa mfazi mncinane equleni, nompriste, indlela abababahluke ngayo! Umbhalo useludongeni ngonamhlanje, kwakhona. Bayawubona, kodwa abawuqondi.

110 Ukuba amaJuda ayenokuqaphela nje umqondiso owawuthenjisiwe kaMesiya, ngokomprofethi wokugqibela! UMalaki 3 wathi, "Yabonani, ndiyakunithumela umthunywa waM phambi kobuso baM, oyakulungisa indlela." Baye babebanga ukuba babeMlindele.

111 Oku—okunjani ukungqamana kude kube—kube namhlanje! Babebanga ukuba babelindele into eyakwenzeka. Amabandla onke ayathandaza ayazila, aze athi, "Ngoku masithandazeni. Masihlanganeni. Kufuneka ukuba sibe nento enkulu eyenzekayo. Siyazi ukuba kukho into enkulu eza kwenzeka. IBandla kufanele ukuba lizilungiselele." Yiloo nto abathandaza ngayo.

112 Yiloo nto ababethandaza ngayo apho. Kwaza kwafika uYohane uMbhaptizi. Ngenxa yokuba, wawalayo amaziko abo emfundo, ngenxa yokuba wayesenza ngokwahlukileyo kunokuba oo-father babo babefundisa. Waphuma entlango engenamfundo. Waphuma engena-collar igqwethiweyo, njengokuba bekunotshiwo namhlanje. Waphuma engenayo imfundo eninzi yezibhalo. Kodwa weza, esazi ngesithembiso sikaThixo ukuba wayezokuvakalisa uMesiya.

Wathi, "Umi phakathi kwenu ngoku." Kwaye ke babecinga ukuba uphambene, ngenxa yokuba wayengaveli kwizikolo zabo. Umbhalo wawuseludongeni, kwaye babengawazi. Babebanga ukuba babelindele uMntu onjalo ukuba afike; abe Wayelapha phakathi kwabo kanye ngoko. Baze abaMqonda, nangona babesithi babeMlindele.

113 Kanye ngokufanayo, namaYuda, ukuba aphakathi, njengeeNtlanga kwezazo, kuba kuprofethwe ngokuba iyakuba yinto enye, into enye. Babebanga ukuba babeMlindele. Kodwa amahlelo ngoku kweleNtlanga, kwisigaba saseLawodike zimfanyekiswe njengokuba ayenjalo, ngokuba (kutheni?) kuprofethwe ukuba kuyakuba njalo. Kunyanzelekile ukuba kwenzeke oko.

114 Ukuba uSirayeli wayenokuwuqonda nje umqondiso, ngebabelazile ixesha lokuvela kukaMesiya ukuba lalisondele. Ukuba babeqondile!

Uyazi, a—abadispile bathi kuYesu. “Kungani ukuba ababhali bathi, ‘Kufika u-Eliya kuqala’?”

115 UYesu ke wathi, “U-Eliya usele efikile, kwaye abamazanga. Ubesele elapha, kwaye sele bembulele. Benze lento kanye iSibhalo sathi bayakuyenza.”

116 Ukuba babemqondile ukuba, laa “mbaxi wezinto” wayegxeka yonke into ephindaphindiweyo ababeyenza, owayegxeka yonke into ababeyenza! Wathi yena, “Bahanahanisi ndini! Ningaqali uku. . . Zinyoka engceni, nzalandini yamarhamba, ngubani onilumkisileyo ukuba niyibaleke ingqumbo ezayo? Ningaqali ukucinga ngaphakathi kwenu, ‘Sino-Abraham ubawo wethu. Si*noku*, *nokuya*, okanye *okunye,*’ Kuba Ndiyanixelela, uThixo unako ukumvelisela u-Abraham kula matye abantwana.”

117 Musani ukuqalisa ukucinga ukuba nineBhunga leHlabathi kuni, naye ningawona malungu anxiba kakuhle. UThixo unako ukuvelisa kumabuzi omfula phaya phandle abantwana abayakuzalisekisa iLizwi laKhe; amahenyukazi, abahambi bezitalalo, amanxila, abadlali bamaqashiso. Unako ukuyenza loo nto. UsenguThixo.

118 Uwamfamekisile amahlelo, njengokuba wammfamekisayo uSirayeli, kokubini kwakuprofethwe ukuba bayukuba njalo. Ndibonisa okufanayo, ndide ndizokufika kule ndawo ndifuna ukufika kuyo ngoku. Bamfenyekisiwe, njenga—njengamahlelo weNtlanga eSigaba saseLawodike, amfanyekisiwe namhlanje njengokuba babemfanyekisiwe ngoko.

119 ISigaba saseLawodike sifanele ukuba siwamkele uMyalezo! UMalaki 4 wathi siyakwenza njalo.

Kodwa yintoni abayilindeleyo? “Ihlelo lethu lilo eliyakuYivelisa. Kwaye ukuba aYizanga ngathi, maBhaptizi, maRhabe, ma-Assemblies, aboBunye, okanye enye into, ewe, ukuba ayisithi esiYivelisileyo, Asiyonyaniso.”

Laa nto inye bayenzayo ngalaa mhla! Yafika yaphinda yemka, babe bengayazi. Abazange bayiqonde, nangona yayizalisekise lonke ilizwi. UYesu wathi, “Benze kanye njengokuba bekubalelwe ukuba bayakwenza. Bayakumenza njalo uNyana womntu; uyakwaliwa.”

120 Ngoku qaphela, kuyinto enye ngoku kwimihla yeeNtlanga, ngokwesithembiso seSibhalo sikaMalaki 4.

Awathi, uYesu, “Sonke iSibhalo siphefumlelwe, kwaye akukho nendawana yaSo enokuthi ingazaliseki.” Akukho ndlela yakwenza ukuba iSibhalo singazaliseki. Sonke sifanelwe kukuzaliseka. NoYesu ke wathi kuyakuba njalo. Naku ke sikubona kusenzeka. Siyakubona.

121 “Ukubuyisela” ntoni, kule mihla? Nina bazalwana bamahlelo, phulaphulani! Ukubuyisela isidlo sakuqala,

sepentekoste. Njengokuba Kwakunjalo ekuqalekeni, Kuyakuba njalo ukubuyiselwa phambi kokuba isidlo sikaSirayeli saMaxilongo sivakaliswe. Kufanele ukuba kubuyiselwe! Kufanele ukuba kubekho into ekwenzayo oko. UMalaki 4 wathi kuyakubuyisela uKholo looyise, kubantwana, yiloo nto eyakwenzeka.

122 Ukuba uSirayeli wayemqondile uMesiya wakhe, umqondiso owawuthenjisiwe, ngebengekho kule ndawo bakuyo namhlanje. Ukuba babe . . . Kodwa kwathini ukuze bangakwenzi? Kulusizi. Kwathini ukuze bangenzi njalo? Kuba uThixo wathi abayi kwenza njalo. Bangaphi abakukholelwayo oko, yithani, "Amen." [Ibandla ngoku lithi, "Amen!"—Mhl.] UThixo wathi abasayi kukwenza.

Kwaye kuyinto enye awathi uThixo, kwesi Sigaba seBandla saseLawodike, iyakwenzeka, nantsi ke phambi kwabo. Banganako njani ukwenza into ingeyiyo leyo?

123 Ukuba nje babesiqondile isithembiso sabo sikaMesiya, umqondiso woNyana womntu! Weza egameni loNyana womntu. Ngoku, Wayesegameni, ngeSigaba sePentekoste, kuMoya oyiNgcwele, uNyana kaThixo. Ngoku, into elandelayo yi-Millennium, uNyana kaDavide. "OoNyana," abathathu, uThixo omnye. Ikwanguye, "uYise, uNyana, uMoya oyiNgcwele," uThixo omnye. UNyana kaDavide, uNyana kaThixo . . . UNyana kaDavide, uNyana womntu, uNyana kaThixo, ukwanguThixo omnye lonke ixesha, ntonje ukwizikhundla zomsebenzi ezahlukeneyo ezithathu.

124 Ngoko ungu "Yise, uNyana, noMoya oyiNgcwele" asingoThixo bathathu, koko nguThixo omnye kwizigaba ezithathu, izikhundla ezithathu zomsebenzi, njengoYise, uNyana, noMoya oyiNgcwele.

Kodwa, njenganamhlanje, izithethe zimfamekisa kanye njengokuba zazinjalo ngokuya, bamfameke ngokwezithethe, abayiboni. Kutheni ukuba bangayiboni? Abanakuze bayibone. Khumbula, nguITSHO INKOSI lowo.

Uthi, "Kutheni uyithetha nje ke?"

Yinto enye kanye kunokuba wenzayo uYohane, yinto enye kunale bayenzayo bonke. Kukho omnye othe gqi apha naphaya, ofanelwe kukuba anyothulwe. Owu, zimvu zikaThixo, liveni iZwi likaThixo! "EzaM izimvu ziyaliva iZwi laM."

125 Umfazi owayesequleni wawuqonda umhla wakhe, ngomqondiso kaMesiya. Wayekwimeko embi. Wayengafuni kuzidibanisa neza nkonzo zindala, ngendlela ezaziqhuba ngayo. Zaziphila naphina, kunye, nezinto ababezenza, wayengakholelwa kuloo nto. Kodwa wayesazi ukuba kuyakuza Othile ngenye imini. Laa mfo ulusizana mncinane apho,

esendleleni eya equleni; wafumanisa ukuba yayiyileNto wayeyilindele, Akuqala ukutyhila kuye imfihlelo yentliziyo yakhe, wamxelela isono awayephila kuso.

Wathi yena, "Mhlekazi, ndiyaqonda ukuba UnguMprofethi." Ngoku, babengazange babe naye isithuba samakhulu amane eminyaka. Wathi, "Ndiyaqonda ukuba Wena unguMprofethi. Kwaye ndiyazi ukuba akufika uMesiya Uyakwenza ezi zinto."

Wathi, "NdinguYe."

126 Waqonda. Kwakungasekho mbuzo, "Ungayiqonda kanjani?" Yayisele iqondakalisiwe. "Xa athe wafika uMesiya, Uyakwenza oku."

[UMzalwana uBranham unkqonkqoza epulpithini kahlanu—Mhl.] Kulungile, ukuba unokuyiqonda ngeSibhalo, asinakuziqonda iZikhanyiso zangokuhlwa nomqondiso namhlanje?

"Siyazi ukuba xa athe wafika uMesiya Uyakusibonisa ezi zinto. Uyakusixelela oku."

Wathi, "NdinguYe lo uthetha nawe."

127 Akwabikho mibuzo kwakhona. Wemka, waza waxelela abantu, "Yizani, nibone! NguYe lo." Kungasekho mibuzo kuye. Kwakulunge konke, ngokuba wawuqonda umhla awayephila kuwo. Wawuqonda.

128 UNataniyeli naye wenza njalo, umHebhere omkhulu, wathi akubona umqondiso kaMesiya owawuthenjisiwe apho; kungakhathaliseki nokuba bangaphi na abapriste, zingaphi na ezinye izinto.

Kwenza ntoni ke oko? Kwabaphazamisa abapriste, ukubona aba bantu bezishiya iinkonzo bemka. Wathi, "Ukuba nabani na kuni uya kwiinkonzo zaKhe, niyakukhutshwa ebandleni. Siyakunikhuphela kanye ngaphandle kwehlelo."

129 Kunjalo namhlanje. "Siyakukhuphela ngaphandle kombutho ukuba ukhe waya kwinkonzo yakhe."

130 Niyayikhumbula laa ndoda yayiyimfama? Uyise nonina babengenakho nokuphendula; babesoyika. Ngokuba, kwathiwa, "Nabani na ofuna ukubona uYesu, okanye—okanye aye kwinkonzo yaKhe, uyakukhutshelwa ngaphandle." Kodwa, laa ndoda yayiyimfama yayikwazi ukuzithethela yona, yayike yayimfama yaze yabona.

131 Mna, ndakhe ndayimfama, ngoku ndiyabona. Mna, ndandingazazi ezi zinto, Zazisiwe kum nguMoya oyiNgcwele. Yekelelani, mahlelo, ngokuba bayangena, nakanjani na! "Ukuba Ndithe ndaphakanyiswa emhlabeni, Ndiyakubatsala beze kuM abantu."

132 UNataniyeli wakuqonda oko. Wayekwazi.

133 Kanye njengokuqondakalisa kukaMoses kweSibhalo, iLizwi elingqinelweyo. UMoses wayesazi ukuba oko kwakusisithembiso somhla wakhe, ngokuba kwakungokweSibhalo, kungenamsebenzi nokuba akuqhelekanga kangakanani na. Wathi, "Ndingabaxelela bani. . . Ndiyabaxelela ukuba ndibone ukuKhanya phaya emva entlango. Ndingabaxelela njani ngoku ukuba bekukho ukuKhanya phaya emva, kwaza oku kuKhanya kwandixelela ukuba ndihle ndiye phaya?"

Wathi, "Ngokuqinisekileyo, Moses, Ndiyakuba nawe." Kungekuphela. . .

134 Akazange aZibonakalise ezantsi eYiphutha; kuphela ngemimangaliso nemiqondiso. Kodwa Wathi akubahlanganisa bandawonye bonke, Wavela kubo kwakhona, wangqinela ulungiselelo lukaMoses phambi kwabaNyuliweyo bakhutshwa. Wathi loo mprofethi akubaxabela abakhulule kweso sizwe abakhuphele endaweni, yaze iNtsika yoMlilo yavela kwakhona, phezu kwencopho yeNtaba yeSinayi.

135 Kungqamanise ke oko nanamhlanje. Amen! Makabongwe uThixo! Ingaphezu kobomi kum. Njengokuba isigaba sam siqala ukungena, ndibe ndiyibona iyure yobukrwada nokuziphatha kakubi itshayela imihlaba nezinto zonke, ngoko ndiye ndijonge emva ndibone ukuba kwenzeka ntoni na. Intliziyo yam ixhume luvuyo, ngokwazi ukuba emva kokuba lomnquba wasemhlabeni udiliziwe, kodwa ndinawo ondilindeleyo ngaphaya. Ndizama ukutsalela abantu, ukubaxabela basuke kwezi zinto nezinto ezinjalo, ukubakhupha; ukubabonisa, ngeSibhalo, sokuba uThixo umi apho; nesingqino seNtsika yoMlilo, athe amakhulu namawaka asibona, ade abanako nokuYithabatha, ngaphambili, ngekhamera, amaxesha ngamaxesha, ukuyiqondakalisa.

136 Ukulinganisa kuyavela. Ngokuqinisekileyo, kunyanzelekile ukuba kwenzeke. Abalinganisi bavela ngomhla kaMoses benza kwaloo nto inye. Wathi uThixo, "Zahlule, Moses. Musa ukuhamba nabo. Ndiza kubaginya." Laza ihlabathi labafumana. Kunjalo ke nanamhlanje; baya ngqo ehlabathini, iindlela zemali nayo yonke enye into. 'Yabona?

137 Umqondiso ongokweSibhalo kaMoses! Wayengu—wayengulaa mprofethi mkhulu kaThixo wehlayo waya apho ukuya kubahlangula, baze bakuqonda oko. Bawuqonda umqondiso. Wayengumqondiso onguwo weSibhalo sedinga, lingqinelwe.

138 UYesu wayelelo dinga leSibhalo, singqinelwe kula mfazi. Kungenjalo, WayeyiNgcaciso. UYesu wayeyiNgcaciso yeSibhalo. UBomi baKhe ngokwaBo babutolika iSibhalo.

139 Aniwuboni uMyalezo wale yure? Niyaqonda ukuba siphi na? UMyalezo ngokwawo, ophuma eSibhalweni, uyanitolikela iyure esiphila kuyo. Uyingcaciso.

140 UYesu wathi kuSirayeli, "Ukuba nje beniwazile umhla wenu." Ngelinye ithuba, ehleli phezu kweNtaba yeMinquma, Wakhangela ngaphaya, wathi, "Yerusalem, Owu Yerusalem!" Walila. Wakhangela ezantsi. Wabona.

Kungengandlela, yakuthelekisa, mhlawumbi. Ngobunye ubusuku, ngenye intsasa, malunga nentsimbi yeshumi, ndakuba ndibona elaa bandla lilihenyukazi. Emazantsi entliziyweni yakho, uva uMoya oyiNgcwele esiwa iinyembezi.

"Yerusalem, Owu Yerusalem, kufuthi kangakanani na ndizama ukunifukamela. Kodwa wenze ntoni? Ubabulele abaprofethi abathunywe kuwe. Ubagwintile."

Kwaye ke iMiyalezo ithunyelwe kwibandla, namhlanje, elibulewe ngamahlelo alo neemfundiso zawo. ISibhalo sibulewe ziimfundiso zabo. Wathi uYesu, "Ukuba nje beniwazile umhla wenu! Kodwa ke, sekukude ngoku, seliphele kakhulu ixesha ngoku." Kunjalo ke nakumabandla!

141 Ndiyakholwa, ngentliziyo yam yonke, ukuba lidlule ekuhlangulweni. Akukhathaliseki nokuba ufuna ukucinga ngako, zimbono zakho. *Ezi* zezam. 'Yabona? Akunyanzelekanga ukuba ubenembono zam. Kodwa ndiyakholwa ukuba lidlule ekuhlangulweni, belinako, kwiminyaka emihlanu okanye emithandathu edlulileyo. Ndiyakhumbula. Niyakhumbula eChicago. Khangela nje ukuba kwenzeke ntoni ukusukela ngoko, uze ukhangele ukuba iyakuqhubeka isenzeka. 'Yabona? Khumbulani, ligama lam elingaphambi koko. Livele phaya. Ngu-ITSHO INKOSI lowo. Ubone nje ke ukuba aliyanga lisihla na, ukuya phambili.

142 Khangela ngo-1933, indlela ekwathi abafazi bayakuqhuba ngayo kule mihla yokugqibela. Indlela eyathi ngayo abantu . . . Indlela uMussolini, indlela ayakufikelela ngayo kwisiphelo sakhe. Indlela uHitler ayakufikelela ngayo kwisiphelo sakhe esiyimfihlelo. Indlela ekwathi ngayo ii-ism ezintathu ziyakuphelela ekubeni bubukomanisi. Indlela oomatshini abayakuya, bekhangeleka njengeqanda ngayo. Nendlela abafazi abaya benxiba izinxibo ezikhangeleka njengezamadoda, nezinto ezikhangeleka phantse njengempahla zawo zangaphantsi; ukuze ekugqibeleni babe baye ekubeni babeke kuphela into efana nje negqabi lomkhiwane, ngolo hlobo, kubo. Indlela yokuziphatha kakubi, indlela abayakuthi baqhube ngayo ngalo mhla. Khangela nje ukuba benze ntoni na. Iphambi kwenu kanye ke, ngoko.

143 Ukuba abafazi baMakristu bangathi nje . . . abazibiza ngokuba ngabafazi baMakristu bangakuqonda nje,

bangawuqonda umoya wokuziphatha kakubi ophezu kwabo ungokasathana, ukuze ubenze ukuba bachebe iinwele zabo. Ngusathana kuphela into enokwenza oko. Oko akuvumelani neLizwi likaThixo kuni, njengokuba kwakunjalo emyezweni wase-Eden. Benza ntoni? Ukuba nje banganokuqonda! Bazama ukuthi, "Owu, la mzenzi-ngcwele mncinane womshumayeli, uthi!" Asindim. Andinixeleli into emaniyenze. Ndicaphula kuphela iLizwi. Ukuba nje banokuqonda ukuba ngusathana lowo.

144 Bazibiza ngokuba ngaMakristu. UYesu wathi, "NingaNdibiza, 'Nkosi,' ningazenzi izinto eNdithi manizenze?" Abanakuba ngaMakristu. Andingomgwebi wabo, kodwa ndithetha nje kuphela oko kuthethwa liLizwi. "NingaNdibiza njani ngokuba, 'Nkosi,' nize ningazenzi izinto eNdinixelela zona ukuba nizenze?" Lonke ke iLizwi apha lisisityhilelo sikaYesu Kristu. "NiNdibiza njani ngokuba, 'Nkosi'?"

145 Ukuba banokuqonda nje ukuba ngusathana, umoya wokuziphatha kakubi. Umfazana omhle phaya phandle . . .

146 Ndicinga ukuba yeyona ndawo ikrwada ndakhe ndayibona le ebomini bam, iJeffersonville, e-Indiana, ngokwabafazi abahamba ze. Ndakhe ndaya eHollywood. Ndikhe ndaya kwindawo zonke. Ndikhe ndaya ehlabathini jikelele, ndaze ndazibona zonke iintlobo zokungcola. Ndakhe ndabona eParis. Ndakhe ndabona eNgilani, yiyona iyinkosi yazo zonke.

147 Ndicinga ukuba iNgilane ngenye imini iyakuze itshone phantsi konxweme. Ikufanele oko; ukungcola, ubumdaka, ububi! Sesona sisele sokuziphatha kakubi sehlabathi, abona bantu bakhanyelayo, ngokwesibhalo ndakha ndababona ebomini bam. Ibe yiloo nto ngenxa yokuba iyalile iNyaniso.

148 UBilly Graham wathi kwanyanzeleka ukuba ayithathe inkosikazi yakhe imke kwindawo zokuphumla; ngenxa yezinto zokwazana kwendoda nomfazi eziqhubeka phakathi kwabafazi namadoda, amakhwenkwe namantombazana, phaya kanye phandle, kwiindawo zokuphumla ezityalwe ingca, ngokuphandle. Isuke yaba sisisele; ngokunjalo neFrance, labanjalo ke lonke ihlabathi. Ibenjalo neMelika, yaba yinkokeli yazo zonke!

149 Khangela kulo mhla. Babenza ukuba bachebe iinwele, banxibe iibhulukhwe ezimfutshane, iibhulukhwe zabafazi, batshaye, bezibiza ngokuba bangamakholwa. Awuqondi, dade, okanye mfazi . . . Ndithetha, uxolo, awungodade wethu; ukuba wenza into enjalo. Awuqondi ukuba ngusathana lowo? Kodwa yintoni . . .

NjengamaYuda akudala, anisayi kukholelwa kwiLizwi elingqinelweyo lakuba liqondakalisiwe kuni. Nibambelela kanye kwizithethe zenu zamahlelo ezithi loo nto ilungile.

Nithetha ngeelwimi, nixhume ninyuka nisihla, nicula nikumoya, nichebe iinwele zenu. Ungayiqikelela into yokuba uMkristu enze into enjalo?

Ndikhe ndayibona imimoya engcolileyo, ndiwabonile amagqirha, ndakhe ndababona bethetha ngeelwimi bacacise, baxhume banyuke besihla bexhentsa kumoya; basele igazi ngeqokobhe lentloko yomntu, baliqalekise iGama likaYesu Kristu.

150 Uthi ke, "Ndingowebandla. Haleluya! UZuko kuThixo! Ndi. . . " Ungowantoni?

IBandla liLizwi! Kwaye iLizwi lithi, "Kulihlazo kuwe ukuba wenze oko."

BaFarasindini bamfanyekisiweyo, nikhokelela ezo ntsizana zabantwana esihogweni ngoloo hlobo; ngenxa yokuba nisoyikisela itikiti lokutya, kuba niyakulahlelwa ngaphandle kwamahlelo enu ukuba niyaqalisa ukwenza into ngaKo. Nihlazekile, bahanahanisi ndini! Yidaneleni. Nibona nje ukuba iyure isondela olu hlobo, ukuze nithi ngezithethe zenu nibe nimka eLizwini likaThixo. Ningathini, nina bamfanyekisiweyo!

151 Ayitsho iBhayibhile ukuba nimfanyekisiwe? Aniqondi ukuba nimfanyekisiwe? IBhayibhile yathi ninjalo. "Naye nize, nilusizana, niludwayinge, nizimfama, nibe ningakwazi oko." Xa nicinga ukuba niyeyona nkonzo inkulu apha esixekweni, nibe nisenza *oku, okuya, nokunye;* iBhayibhile ke yathi nilusizi kangangokuba ninokuba nako, kwaye nizimfama. Kwakhona Usemi emnyango, ezama ukunithengisela isithambiso samehlo; enganithengiseli, koko enipha, nibe ningasamkeli. Oko kuzalisekisa iSibhalo.

152 Niphila kumhla onjani, bantu? Niyayiqonda le yure, niwuqonda umqondiso?

153 Ukuba nje bangaqonda, abaya bafazi, ukuba ngusathana lowo. Ngusathana oziphethe kakubi, esegameni lonqulo. Wabasoloko enjalo. Uza kuwo wonke umprofethi, uza kuye wonke umntu ongcwele, weza nkqu nakuYesu Kristu, enjengomntu okholwayo. Ibe iBhayibhile yathi "uyakuba esondele kakhulu kwimihla yokugqibela," nakumaPentekoste, "kwaye eyakulukuhla nabanyuliweyo," abaphuma kwibandla lobuPentekoste, "ukuba bekunokwenzeka." [Yindawo engenanto ekhasethini le—Mhl.]

154 "Bambalwa," Wathi, "kuba limxinwa isango icuthene indlela, bambalwa ke abalifumanayo. Kuba njengokuba kwakunjalo ngemihla kaNowa, apho kwasindiswa imiphefumlo esibhozo, kuyakubanjalo ekuzeni koNyana womntu." Yicinge nje! Siphila kowuphi umhla? Uyayiqonda iyure, uyawuqonda umhla?

Ndithabatha ixesha elide lenu, kodwa ke ndisenemizuzu embalwa elandelayo. 'Yabona?

155 Babenza ukuba bachebe iinwele. Kulungile, bathi, "Inkonzo yethu ayiyihoyi loo nto." Uyazi ukuba kungoba? Bazimfama.

"Akunabungozi ukucheba iinwele zakho." IBhayibhile ithi kunabo! Yinto ephantsi futhi ukuba nje uchebe iinwele zakho uthandaze.

Uthi, "Kulungile, umfazi ufanele ukuba agqutyuthelwe." NeBhayibhile ithe "iinwele" zakhe ezi siso isigqubuthelo. Hayi umnqwazi; iinwele zakhe!

156 Kwakunothini ukuba uMoses wayethe, "Ndizakuthula umnqwazi wam endaweni yeembadada"? Loo nto ngeyingazange isebenze. UThixo wathi "iimbadada," uThixo wayethetha izihlangu.

Wathi "iinwele," hayi umnqwazi! UZuko kuThixo! Uyithandile loo nto, Ndiqinisekile. Makabongwe uThixo! Uthetha kanye oko Akuthethayo. ISibhalo asizi ngakuzicombululela. Asithetheli kuphela ihlelo lakho; Sithetha kanye oko Sikuthethayo, nguYe ke umcacisi.

157 Uthi, "Ndazi umfazi." Andikhathali nokuba wazi ntoni na. Ndazi into uThixo awayithethayo ngoko. Zilinganise ke wena.

158 Ukuba bebenokuyiqonda ukuba iyintoni na, nenekazi. Aha! Ukuba ubunokuyiqonda! Okanye, "umfazi," hayi inenekazi.

159 Ndikhe ndabona umbhalo, ndisihla ndivela eBlue Boar, phaya ezantsi phezulu, ndiyakholwa ukuba kukwiSitalato seSihlanu phaya, kwindawo ethile yotywala, usithi, "IiTafile ZaManenekazi." Ndaza ndema; ndathi, "Anizange nibe nazo." Inenekazi alinakungena kwindawo enjalo. Umfazi usenganako, kodwa hayi inenekazi.

160 Uyiqaphele, into yokuba ukuwa kwehlabathi kuqala ngokuziphatha kakubi kwabafazi? Uyazi ukuba kulolo hlobo ukuya ekupheleni, ukuziphatha kakubi kwabafazi? Ibandla ke, limelwe, kungomfazi? Ibandla lingumfazi, xa sithetha ngokomoya.

Ngokunjalo noMtshakazi ungumfazi, xa sithetha ngokomoya.

161 Ukuziphatha kakubi kwebandla, kwenziwe njani! Khangela phaya embonweni, sikhangele kwezo zinto, uyawubona umbono lo unikwa nguThixo, laa mbono ke uyinyaniso. Ndibambe iBhayibhile yam phezu kwentliziyo yam, kuni bantu bamamele ikhasethi, aba ke baphulaphule belapha bayabona. Ndayibona loo nto! UThixo onamandla

Onke uyazi ukuba yiNyaniso leyo. Bendingayazi kwade kwangoku. Nalo liphaya, lihamba "ze, labe lingazazi." Belizivuyela nje linexesha elimnandi. Nantso ke.

Kodwa wathi akuvela laa Mtshakazi mncinane ebonakala, kwakwahlukile. "U-Alfa no-Omega!" Aha.

162 Ngusathana owenza loo nto. Kodwa njengamaYuda akudala, bathi bakubona iLizwi . . .

UYesu ke wathi kwabaKhe, Wathetha oku kubafundi baKhe, "Ziphengululeni iZibhalo. Nima—nimangaliswa ndiM nolungiselelo lwaM. Ziphengululeni iZibhalo. KuZo niba ninoBom obunguNaphakade, zibe Zona zingqina ngaM, ziyanixelela into oyiyo uMyalezo waM. Ukuba aniNdikholelwa, kholwani ngaMazwi la uThixo anicacisela wona."

163 "Asiyi kuyivumela le Ndoda isilawule. Sinabo abapriste bethu, nokunye." Hambelani phambili ke, nantso kuphela into enokuthethwa. Seliphele kakhulu ixesha, kakade. Izithethe zobuhlelo zizo ezithi kulungile, ziyayiphulaphula loo nto. Kungcono ukuba beve . . . Nikholwa li—lizwi lo—lomntu ngaphezu kokuba nikholwa liLizwi likaThixo. Abaqondi. Ibandla namhlanje alimqondi uTimoti weSibini 3. Ukuba wena . . .

164 Ndibona abanye benu bezibeka phantsi iZibhalo. Ngoku, ezi Zibhalo ndizicaphulayo ndizicaphula apha kanye. Apho, anokuthi umntu ukuba uthanda ukundixelela, mna okanye ndimeme ngaso, ndingababonisa iSibhalo soko. 'Yabona?

165 Abamqondi uTimoti weSibini 3, apho Ithi, "Ngemihla yokugqibela, abantu bayakuba ngabazithandayo, abakratshi, abathandi beziyolo kunokuba bathande uThixo, abaqhankqalazi, abanyelisi, abangenakuzeyisa, abangenakuthanda abalungileyo (uMtshakazi), 'yabona; benokumila kokuhlonela uThixo, koko bewakhanyela aMandla ako; kwabo zikhwebule. Kuba baphuma kwabanjalo abaya kungena kwizindlu ngezindlu, bakhukulise abafazana abazono zizimfumba, abafazana abazono zizimfumba bekhokelwa zintlobo ngentlobo zeenkanuko, bengafundi okanye behlala befunda bengaze bafike ekuyazini iNyaniso." Abangeke! Abanakukwenza oko, abanakuze bakwenze. UThixo watsho.

Kwaye, MFarasi oyimfama, awukuboni oko? Andinamsindo; ndizama nje ukubethelela isikhonkwane ndiyibambisa. Namabandla ngokwawo akakuqondi Oku. Abafazi abanakukuqonda oko. Bafanele . . . "Abafazi abazono zizimfumba, bekhokelwa zintlobo ngeentlobo zeenkanuko," iHollywood, nayo yonke intlobo yezinto, ukunqothulwa kweenwele, ukunxiba ezimfutshane, ukuqaba i-make up, nayo yonke loo ntlobo yento, engafanelekanga. Uyazi ukuba abafazi badlala indima enkulu kwimihla yokugqibela?

166 Uyazi iBhayibhile yathi, apho, “Abo bazibalekayo izinto ezinjalo zokugwetywa bayakuba lisebe elihle phambi kweNkosi”? Ngenye imini ndiyakufikelela kuloo nto, iNkosi ithandile, kuyo, ukwenzela nina bafazi. Ndinenze nibone ukuba uThixo ucinga ntoni na ngomfazi oyakubaleka ngenene umgwebo walo mhla. Uthe, “Uyakuba mhle.”

167 Ndakhe ndeva umfazi, ngenye imini, ehleka kwi... Intombazana, igqubana labafazi abanxibe ngokungagqibekanga, linokuziphatha okungaphantsi kwe—kwenjakazi, lihleka umfazi omdala enxibe ilokhwe ende. Phulaphulani apha, nina basetyhini nigqwethiweyo, unento eningazi nokwazi ngayo. Unokuziphatha kakuhle. Anilazi nokulazi elo gama. Nalahlekwa lilo kudala, ngokusondeleyo. Anisakwazi okulungileyo kokubi; uyakwazi yena. Unento efihlwe ezantsi entliziyweni yakhe eningazi nto ngayo. Nalahlekwa yiyo; aninakuze niyifumane. Nimbiza ngokuba ungowodidi lwakudala, nezinto ezilolo hlobo, njalo-njalo. Wazi into ethile eningazi nto ngayo nina. Unayo ifihlwe entliziyweni yakhe, ubutyebi bokuziphatha kakuhle. Anazi negama elinye ngaloo nto. Umama wakho wakukhulisa ngolo hlobo. Umlungiseleli wakho wayivumela; ebonisa ukuba umi ndawoni na. Ndishumayela ngaye kanye apha ngoku. ’Yabona? Uyakubona ke apho ukhoyo, amabandla?

168 UYesu wathi, “Sonke iSibhalo sifanelwe kukuzaliseka.” Kwaye Sizalisekile.

169 Qaphela, “Njengokuba uYanes noYambres bamelanayo noMoses ngokunjalo,” uzakuphinde abuye kwakhona, abanye babo. Akanguye, ngoku, akathethi ngaMawisile, amaBhaptizi, apho; akekho mfanekisweni. ’Yabona? “Kodwa njengoko uYanes noYambres bamelanayo noMoses no-Aron, ngokunjalo nabo bayakwenza njalo; amadoda angenangqondo ngokubhekiselele kwiNyaniso,” zigqwethwe ziimfundiso nokufundisa kwebandla, endaweni yeBhayibhile.

Baze ke uYanes noYambres babanako ukuyenza nantoni na awayenzayo uMoses. ’Yabona, “njengoYambres,” uyabona ukungqamanisa kuloo ndawo?

“NjengoYanes noYambres ukuba bamelanayo noMoses, enza njalo nala madoda angenangqondo ngokubhekiselele kwiNyaniso, ukumelana naYo,” akayivumeli ukuba Ibe sebumelwaneni babo, abanako nokusebenzisana naYo, abasayi kuba nanto yakwenza naYo. Kodwa kwathiwa, “Ubudenge babo buyakubonakalaliswa.” Wakuba laa Mtshakazi ethabathe indawo yakhe waza wemka ukuya kutshona esibhakabhakeni, iyakwazeka, musa ukuhlupheka; njengoMoses, wathi akuthatha abantwana bakwaSirayeli, basaba ukuphuma eYiphutha, aza amaYiphutha antywiliselwa. Kwalunga.

170 UYesu watsho ukuthi, “Zonke iZibhalo zanikezelwa ngempefumlelo, ngoko ke zonke iZibhalo zimelwe kukuzaliseka.” Wathi Aku. . .

BabeMbuza, besithi, “Uzenza uThixo.”

171 Wathi, “Nina, emthethweni wenu, nababiza abaprofethi eleza kubo iLizwi leNkosi, nababiza ngokuba ngoo ‘thixo,’ ngoko ke bangabo.” Wathi, “Ngoko ningandigweba njani Mna xa ndisithi ndinguNyana kaThixo?” Zonke ezi Zibhalo zinikwe ngempefumlelo; zonke ke kufanele ukuba zibonakaliswe, zonke zifanelwe kukuzaliseka.

Uyabona apho, babemfameke kakhulu, babethabatheke kakhulu lilizwi lomntu endaweni yokuthabatheka liLizwi likaThixo. Yiloo nto eyenza abafazi ukuba benze oko. Yiloo nto eyenza ukuba abashumayeli benze oko. Bayakuthabatheka badludle nobhishophu endaweni kaYesu. Bathabathekela kuloo nto, ngeyabo—ngengxowa-mali yabo, ibandla elikhulu.

172 Bonani nje ukuba andidumanga na. Uthabathe abantu, ubakhuphe eJeffersonville, nelaa qela lincinane lilapha eJeffersonville; kuthabatha abangaphandle, kweJeffersonville, abaphuma kulo Mnquba kusasanje, andinakubanaso mhlawumbi nesiqingatha seshumi elinesibini endinokushumayela kuso. Yintoni na? Wenziwe lilizwe lonke; ukusuka eNew York, ukuya eMassachusetts, ukuya eBoston, eMaine, ukuya elwandle, eGeorgia, e-Alabama, naselizweni jikelele. Bayahlanganisana bonke. Amen! Yiloo nto Awayithethayo. “Kuyakubakho ukuKhanya ngexa langokuhlwa.”

173 Abakuqondi ukuKhanya kwangokuhlwa. Nanko undonakele. AliKuqondi. Liyimfama ngokukhulu. IBhayibhile ithe liyakuba njalo.

174 IRussia yamkela kuphela indawo yayo ehlabathini, ngokwenzululwazi, kungengaphezulu kwamashumi amane eminyaka eyadlulayo. Uyazi, ukufika kweMfazwe yokuQala yeHlabathi, abazange. . .Azange bayihoye iRussia. Mzalwana uRoy. . .Babeliqela nje elingahoyekanga, amaSiberia amakhulu akudala, enendevu ebusweni bawo bonke, engakwazi ukunene kwawo kwisandla sokhohlo. Injalo loo nto, iRussia, kodwa yayiqonda indawo yayo. Kwakufanele iyenzile ukuzalisekisa iSibhalo. Niyazazi iziprofetho zam zoko ndathi kuyakwenzeka, indlela eziyakuthi zonke zihlanganiselane kubukomanisi. Ngoku bulikhokele ihlabathi kwinzululwazi. Sisemva kakhulu kubo. Lonke ihlabathi lisemva kwabo. Buyakhokela ngendawo yabo. Isandula ukuqonda ukuba inengqondo, nayo.

175 Qaphela, umntu usenezazimvo zintandathu wayenazo kumawaka amathandathu eminyaka eyadlulayo. Kwiminyaka engamawaka amathandathu eyadlulayo, enezazimvo

wayenazo, ukuze ahlangane nekhaya lakhe lasehlabathini ukuze akhonze uThixo. Ngoku ke, kulamashumi asixhenxe anesihlanu eminyaka edlulileyo, umntu uthe wesuka ekukhweleni ihashe, ukuya ekubeni ngusomajukujuku. Ngoba? Umkile elukholweni lwakhe kuThixo, waguqukela kwizimvo zakhe nokuba nako kwakhe kobuntu. Niyaqaphele loo nto? Wakuyeka ukuthembela kuThixo. Uzithembile.

176 Njengokuba umfazi othile ongakholwayo. Ngubani igama lakhe, eWashington phaya, owakhe wakuguqula konke oku? [Omnye uthi, "Murray."—Mhl.] Ngubani igama lakhe? [Ngu "Murray."] Murray, watsho, "Oko nje sisenomkhosi nomkhosi waselwandle, asimswele nganto uYehova wakudala." Aha. Andikhathali nokuba sinantoni na.

NguYehova okanye ingabikho enye into, kum. Umkhosi lowo wonke nowaselwandle ungazika, kwaye uyakwenza njalo, koko uYehova uyakuhlala ehleli naphakade. Okoko nje ndiyinxenye yaKhe noNyana waKhe, ndiyakuhlala ndikunye naYe ngonaphakade; hayi ngokubiza kwam okanye ukuzikhethela, kodwa ngokunyula kwaKhe. Amen, amen! Andinanto yakwenza noko. Nguye Owenzayo! Ndinike Yena okanye ukufa. Zingenyuka ziphinde ziwe izizwe; uYehova uyakuhlala ekho. Wakwenza oko, kuzo zonke izigaba; yathi yakuwa iRoma, yakuwa iYiphutha, nazo zonke ezinye zazo zawa. Wabe Yena esenguYehova ekhona. Owu, haleluya! Ndiziva ndikholiwe.

177 Isizathu sokuba iRussia iziqonde, kwakunyanzelekile ukuba yenze njalo. Kanye njengoSirayeli ukuba kwakufanele enze njalo ukuze abuyele kumhlaba wakhe. UThixo kwafuneka ukuba amqhube uSirayeli ambuyisele kumhlaba wakhe, esenzela aMaxilongo. Ngokunjalo uThixo kwafuneka ayiqhube iRussia phaya ngentla, ebukomanisini, ukwenzela ukuba kwenzeke kanye oko bekuprofethwe ukuba iyakukwenza.

178 Umntu ke nezimvo zakhe ezintandathu wasoloko enyuka, ukusukela ekubeni ngumkhweli wehashe, ethembele kuThixo. Kule minyaka ingamashumi asixhenxe anesihlanu iphelileyo, wayeka ukuthembela kuThixo. Emva kokuba basayina uMgaqo wale Melika, babebeka uThixo kwinto yonke abayenzayo. Ngoku abasenayo nenkonzo, kwaye abasalibizi nokulibiza iGama laKhe. Injalo loo nto. Baxhomekeke ekuziphakamiseni kwenzululwazi yabo, bona, ubulumko babo bezenzululwazi, okanye iqela eliphakamileyo. Injalo kanye loo nto. Ihlabathi lonke liginywe ekungayihoyini iBhayibhile—iBhayibhile. Ihlabathi lonke liguqukile lemka kuThixo.

Kodwa, khawucinge nje, kanye ngokuvela phakathi kwako konke oko, namahlelo enkonzo nako konke ukulumka kwamaziko emfundo abo nayo yonke enye into, uThixo

umthabathile umprofethi waKhe ngeLizwi waxabela wakhupha uMtshakazi oyakukholwa. Wayethe Uyakwenza njalo. Uqwengile wakhupha kuloo nto Wayethembise ukuba Uyakuyenza.

179 Baxhomekeke ebulumkweni bomntu, inzululwazi yabo yobuntu, nezinto ezinjalo; bamshiya ngaphandle uThixo, ababeMthembile ekuqalekeni. IMelika Imshiye ngaphandle uThixo. BaMkhuphe nasesikolweni, ukwenzela ukuba abantwana bethu abancinane bangeva nokuva ngaYe. BaMkhuphele ngaphandle kwesikolo. Ngoku bazama ukuMkhuphela ngaphandle kwii-dollar, "Sithembele kuThixo." Bazakukukhuphela ngaphandle kwesaa sibhambathiso sokuthobela sikwi-flag, "One nation under God." Bazakuyikhuphela ngaphandle loo nto.

180 'Yabona, bahambe baya kwezabo izimvo nakokwabo ukuvakalelwa. Ngokuba, kule minyaka ingamashumi asixhenxe anesihlanu idlulileyo, akakaguquki nakancinane kwizimvo zakhe, usengulaa mntu uThixo wamdalayo ekuqalekeni.

Kodwa, kwezi ntsuku zokugqibela, aniqondi ukuba siphi na? Kwaye ibandla lijikile, lemka kuThixo, ukuya kuloo nto, ukuya kumaziko emfundo namava, ezinto ezinjalo, endaweni yeLizwi. AliMqondi nokumqonda kwiinkonzo zalo, ezikolweni zalo, mhlawumbi kuyo nantoni na, eyenye.

181 USirayeli, kwiminyaka engamashumi amabini anesihlanu edlulileyo, waqonda ukuba kukho into ebazisa kumhlaba wabo, njengokuba kwakuthenjisiwe. Abazi ukuba kwenziwa njani na. Bahlupheka ngokwento yonke, bebulawa, phantsi kwala Maxilongo, kodwa basemhlabeni wabo. Abazi ukuba kutheni na.

182 Kwathini ukuze iRussia ivuke? Kwathini ukuze izizwe zivuke? Kwathini umntu ukuze abenako ukuvelisa? Ngethuba inzululwazi, kumakhulu emithathu eminyaka eyadlulayo, inzululwazi yomFrench yaqengqelekisa ibhola ngesantya esithile yajikeleza umhlaba, yabanokuqonda, ngophando lwenzululwazi, "Ukuba umntu angaze enze esona santya soyikekayo samashumi amathathu eemayile ngeyure, uxinzelelo lomhlaba lungamthatha lumkhuphele ngaphandle komhlaba; ngokobunzima bakhe, ngokobunzima bebhola leyo." Ngoku uhamba ngeshumi elinesixhenxe lamawaka eemayile ngeyure, 'yabona, abe ke esaqhubela phambili ukuzandisa. Usandula ukuyiqonda loo nto, mva nje. Ngoba? Kufanele ukuba kube njalo.

183 Ngoba, ibandla lalikade limi phezu kweliwa likaYesu Kristu. Akukhathaliseki nokuba ubani wayesithini na, babehleli kanye neloo Lizwi, umyalezo weyure; uLuther, uWesley, ukuhla ukuya kuphuma apho. Kwaye ngoku bajikele emva kwizithethe. Kutheni ukuze kwenzeke loo nto?

184 Kwiminyaka engamashumi amabini anesihlanu edlulileyo, uSirayeli ukuqondile ukuba usemhlabeni wakhe ngesizathu esithile. Kwakuprofethiwe ukuba bayakuhlanganiswa kwakhona; uHoseya wayetshilo. Besiyifundile kumzuzwana odlulileyo. UThixo makasincede siyiqonde loo nto! Kulungile.

185 Kwangeloo xesha linye, uMtshakazi ukuqondile ukuKhanya kwangokuhlwa, uyaqala ukukuqonda. Abeenkonzo zakwamoya abalambileyo bayaqala ukuqonda ukuba laa mibutho ayinanto yakwenza nezinto ababezifuna, bagqwethwe kangangoko bahlutshekiswa. 'Yabona, lixesha lokuqonda, ukuqonda. Kufanele ukuba uqonde. Ihlabathi liqondile. Izizwe ziqondile. Inzululwazi iqondile. Usathana uqondile lixesha lokuba onakalise abafazi, onakalise ibandla, onakalise abantu. Ukuqondile oko.

NoThixo ukuqondile ukuba kukho abantu emhlabeni Awayebanyule ebanyulele uBomi kwangaphambili. Ukuqondile ukuba eli lixesha lokuba athumele uMyalezo waKhe. Ukwenzile oko. Abantu bakuqondile Oko, ixesha lomtsha kazi likuqaphele ukuKhanya kwangokuhlwa.

186 Ukuba iSodom yayiyiqondile imihla yayo, yakubona ezo zithunywa zisihla zingena phaya, njengoBilly Graham no-Oral Roberts!

187 Ngoku, umntu othile oliqili ePhoenix waphakama nje wathi . . . wadlala indawana e—ekhasethini, wathi Ndithe apha, "kufanele ukuba ndibhaptizwe eGameni likaYesu," ndatsho. Ndaze ndathi, "Ngoku niyabona *apha,* kweli cala uthe . . . " Ngethuba endandithetha nge-Afrika, indlela ababhaptiza ngayo kathathu ubuso bujongiswe ngaphambili, abanye bebujongise ngemva. Wathi Ndathi, "Akwenzi mahluko." 'Yabona, akazange alidlale lonke ikhasethi; yindawana nje, walinqumlela.

Nto leyo, ibinokuba lityala elinesohlwayo ukuyenza. Laa makhasethi ngokupheleleyo akhuselwe. Akukho mntu unokudlala nje ngawo. Kungcono ungayenzi loo nto. U—u—umthetho uphezu kwakho. Kodwa ke singakwenza oko? Hayi. Wathi, "Bayeke." UThixo wandixelela into eyakuhla. Zenikhangele nje, gcinani nje iliso kuloo mntu. 'Yabona?

188 Kwangexesha elinye, uMtshakazi ukuqaphele ukuKhanya kwangokuhlwa.

Ukuba iSodom yayiyiqondile iyure yayo!

189 Ngoku, kwalomntu mnye wafaka ekhasethini, wathi, "Khangelani apha, kuni bantu beenkonzo zakwaMoya," wathi, "nani maBhaptizi. Le ndoda, ngumprofethi wobuxoki, uWilliam Branham," 'yabona, "uthe u-Oral Roberts noBilly Graham baseSodom." 'Yabona, waze ke walinqumlela apho ikhasethi; kwakuphela, 'yabona.

Akazange aye ekuthini, bona, “Babezizithunywa eziya eSodom.” Hayi ukuba seSodom, “Babelapho njengezithunywa eziya kwiSodom.” Nabani na uyazi ukuba koko endakuthethayo. Dlala ikhasethi lakho.

“Nabani na oyakususa okanye ongeze, kulowo kuyakususwa.” LiLizwi leNKosi elo. Iyakuma ngolo hlobo.

190 “Ukuba iSodom yayimqondile umthunywa wayo, ngekuba isemile namhlanje,” watsho uYesu, ukuba nje yayinokuqonda njengokuba u-Abraham waqondayo.

U-Abraham wazi ukuba kwakukho unyana wedinga owayesiza. Kodwa wayesazi ukuba kwakufanele ukuba kubekho utshintsho oluya kuza ngandlela ithile, ngokuba wayemdala kakhulu, ekwanjalo noSara. Kodwa wathi akubona Lowo Wayenokucalula ingcinga zikaSara, esemva kwaKhe, wayiqonda iyure awayephila kuyo. Waze wathi, “Nkosi yam, makhe ndizise intwana yamanzi apha uhlambe iinyawo zaKho.” Badla iqhekeza lesonka. “NdiyaKucela, khawulibale umzuzwana,” ‘yabona, apha, “N-k-o-s-i yam,” unobumba omkhulu N-k-o-s-i, u-“Elohim.” Waqonda ukuba uThixo wayethetha naye esenyameni yomntu. Wawuqonda umqondiso wakhe, waza wasikelelwa yiNkosi.

ISodom ayizange iwuqonde umhla wayo, yaza yatshiswa yaphela. UYesu wathi, “Njengokuba kwakunjalo ngaloo mhla, kuyakubanjalo xeshikweni uNyana kaThixo e...okanye uNyana womntu ebonakalaliswa.”

191 Ngoku, ibandla aliwuqondanga umhla walo. NjengoSirayeli, enyanzelisiwe ukuba abuyele ePalestina, liya kunyanzeliswa ukuba lingene kwiBhunga leeNkonzo zeHlabathi. Ngoba? Aliyiqondanga iyure yalo. “Bantu, phumani kulo, musani ukudlelana nalo ngezono zalo!” Balekisani, ubomi benu, kungenjalo niyakubambeka kwiphawu lwerhamncwa ningabi nanto ninokuyenza ngoko.

“Lowo uyinyhukunyhuku makasele ehlala eyinyhukunyhuku. Lowo ungcwele,” hayi *oza* kubangcwele, “ongcwele ngoku. Makathi lowo ungcwele,” hayi ukunqothula, abafazi abanqothula iinwele; akangekhe abe njalo. Ngoku, oko kuvakala kuphantsi, kodwa siSibhalo eso. IBhayibhile ithi, “Uyayihlaza intloko yakhe,” intloko yakhe ke ngumyeni wakhe. INtloko yaKhe ke nguKristu, ngoko ke uhlaza uKristu. Angathini ke “ukuhlazeka” aze angabi “nyhukunyhuku”? “Makathi lowo unqothula iinwele akugcine kunjalo. Makathi lowo, onxiba ezimfutshane aqhubeke ezinxiba. Makathi lowo ulalayo iLizwi aqhubeke eLala.”

“Kodwa lowo ungcwele makasele ehlala engcwele. Makathi lowo ulilungisa ahlale elilungisa; ilungisa leLizwi likaThixo, uNyana kaThixo ebonakalalisiwe. Hlala ungcwele, uhlale ulilungisa!” Qonda! Ewe, mhlekazi! Imihla hayi...

Ibandla aliwuqondanga umhla walo.

192 NjengoSirayeli, phaya kwilizwe ledinga, akazi ukuba wabuyela kanjani na phaya. Wabuyiselwa phaya ngokuzenzekela nje. Ngoba? Uxinzelelo lwesizwe lwambeka endaweni yakhe.

Ngoku ndizakuthetha enye into. Uxinzelelo lwesizwe lwambeka uSirayeli emhlabeni wakhe; uxinzelelo lwesizwe luyakulibeka ibandla kwiBhunga leeNkonzo zeHlabathi; kodwa aMandla kaThixo ayakubabeka abantu kuMtshakazi. Ihlabathi lixinzelela libhekisa *ngapha*, ize ihlabathi lixinzelele libhekisa *ngaphaya*, kodwa uThixo uxinzelela ebhekisa phezulu. UMoya kaThixo, lowo uliLizwi likaThixo, "ILizwi laM linguMoya noBomi," liyakumbeka uMtshakazi endaweni yakhe. Kuba, uyakuyiqonda indawo yakhe eLizwini, lize libe kuKristu, abekwe endaweni yakhe. Akukho xinzelelo lwasizwe linokukwenza oko. Kodwa uxinzelelo lwesizwe lwamqhuba uSirayeli ukuya emhlabeni wakhe; uxinzelelo lobuzwe leBhunga leeNkonzo liyakuqhuba yonke imibutho ingene kulo; kodwa aMandla kaThixo ayakumvusa uMtshakazi angene eluZukweni, aphume kulo.

193 Owu, bantu, wuqondeni umhla wenu, njengokuba uYesu waniyalayo; umqondiso waseSodom, neemeko zebandla lanamhlanje.

194 Khangela into Awathi iyakwenzeka namhlanje. Yiphulaphulisise kakuhle. Umqondiso waseSodom uyakwenzeka kulo mhla; umqondiso onjengokuba u-Abraham, wayenawo ngalaa mhla phambi kweSodom, waze wakhutshwa. Zonke ezi zinto zaprofethwayo, ziyakwenzeka ngoku. Wukhangele umhla ophila kuwo. Siyiphindaphinde kaninzi.

195 Ngoku Wathembisa ukuba uyakunithumela ukuKhanya kwaseZulwini, okuya kuvuthiswa iMbewu yeLizwi eya kuhlwayelwa ihlwayelelwa lomhla. IMbewu ingaphakathi *Apha*. IMbewu yiBhayibhile. Ngoba? UYesu watsho. "IMbewu liLizwi awathi uMhlwayeli walihlwayela."

Ngoku, ke, phambi kokuba ube unganesivuno, akunamsebenzi nokuba uyihlwayele na imbewu, kufanele ukuba ifumane ukukhanya kokuvuthisa loo mbewu, kungenjalo iyakubola ingabi nakuba namsebenzi; iyakutshabalala. Kodwa ukuba inembewu phaya emhlabeni, ikumhlaba onguwo, nohlobo olululo lokukhanya kukho kuyo, ifanele ukuba ivuthwe.

Kwaye Wathembisa ukuba kwimihla yokugqibela, ngexa langokuhlwa, iLanga liyakuphuma livuthiswe loo Mbewu. IMbewu iyashunyayelwa. UNyana kaThixo uyayivuthisa loo Mbewu, ngokuYingqinela, eYenza ukuba ithi gqi phambi kwakho eqondakalisa ukuba Iyinyaniso. Niyayifumana? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Wuqondeni umhla wenu.

Ndiyavala ngoku. Lixesha lokuvala ngoku.

196 Eli lityebileyo ke, liyimfama, lifundileyo laseLawodike lingalilahlela ngaphandle kulo iLizwi. Ingaba bayenzile loo nto? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Wathi bayakuyenza.

Njengokuba abaprofethi bakudala babethunyelwe ukungqinela iLizwi ledinga lemihla yabo, ukuze abantu ababenyulwe kwangaphambili, ngomhla wabo, baLibone. Njengala mfazi wayesequleni, njengoNatan, njengemfama uBartimeyu, njengoPetros, nabo bonke abanye abaLiqondayo. WayeleloLizwi. Nemveliso, "Ukuba Andiyenzi imisebenzi kaBawo awathembisa ukuba Ndiyakuyenza, ngoko musani ukukholwa Ndim. Kodwa ukuba Ndiyayenza imisebenzi, nokuba anikholwa ndiM, kholwani yiyo imisebenzi. Yiyo enixelelayo ukuba NdinguBani na." Niyayifumana? Kulungile, musani ukuwuphosa umhla, kwathunyelwa. Amadoda nabafazi beminye imihla aLiqonda, angena phakathi aza asinda.

197 Bantu bakwaMoya, owu, nkosi, kutheni ningawuqondi nje umhla wenu? Wuqondeni umhla wexa langokuhlwa. Ufikile, kwaye ulapha, ukuze, ukuze ungqinele ukuza kukaKristu, ukungqinela oko. Sisekupheleni. Wuqondeni umhla wenu.

198 Ndiyazi ukuba ndinigcine ixesha elide. Yintsimbi yeshumi elinesibini entloko ngoku. Kodwa, ndiyakuthanda oku kuDla, BuBom obu. Kububo. Kububo, kwikholwa. Wuqondeni umhla eniphila kuwo, nomqondiso wexesha.

199 Niyabona ukuba iphi yonke into: uSirayeli; apho likhoyo ibandla; apho likhoyo elingenakuziphatha; apho uMtshakazi emi khona. Yintoni eseleyo? Into elandelayo, ukunyuswa koMtshakazi. Kakade, bandla ngalinye lilindele ukwenzeka kwento enkulu. Abenkonzo zikaMoya bathi, "UZuko kuThixo! Kuyakufika imini abaya kuthi ngayo benze *oku*, baze babe nokwenza *okuya*." 'Yabona, bangababangi. Bayakholwa.

200 Njengokuba, uKayafa watshoyo, ngaxesha lithile, "Akulunganga na ukuba kufe umntu abe mnye, ukuze singatshabalali isizwe siphela?" Wayengumpriste omkhulu, itsho iBhayibhile, isizathu sokuba akuthethe oko. Waprofetha, engazi ukuba yintoni na awayeyithetha. Kodwa ingaba wabanako ukuqonda eyona nyaniso iyiyo yoko, ukuba wayenikezela kwaloo Thixo wayebanga ukuba ungumpriste omkhulu wakhe?

Kunjalo, nanamhlanje! Bakhangele, ngaphesheya kwindawo ethile, i—ixesha elimnandi eliyakuza.

201 Ngoba, ndiyangena kwingqungquthela yaMadoda angooSomashishini nabanye. Bathi, "UZuko kuThixo!" Aba bashumayeli baphakama nje basovuyavuye isihlwele, bathi, "Kukho imvuselelo enkulu ezayo. Isandla seNkosi sizakuba

phezu komhlaba!" Baze abantu baphume bebaleka, bebaleka njenge. . .Bengaqondi ukuba oko kuphantsi kwaMaxilongo kaSirayeli. Bakwenzela ntoni oko? Kungokuba bangababangi bobuKristu, babe bengaqapheli. Ngokunjalo noKayafa wayengakuqapheli oko wayekwenza. Baye abaqapheli ukuba bala kanye loo Myalezo wawuthunyelelwe bona. Amen!

202 Ndawo nganye yeSibhalo, esithe sadlula kuyo umhla nomhla, iveki neveki, yade yayiNyaniso enganakuphikeka. "Ukuba imfama aYinakuyamkela," uYesu wathi, "yiyeke. Ukuba imfama ikhokela imfama, ziyakweyela zonke emhadini." Andazi ukuba kuyakwenzeka nini oko, andazi nokuba kuyabakubaphi na, kodwa ndiyazi ukuba kuyeza.

203 Uyazi, ndiyabona ukuba kutheni ukuba uSathana angafuni ukuba ndikwenze oku. Izolo, bendiziva ndibuhlungu kakhulu. Bendingenakufumana Lizwi elivela eNkosini. Ndenze konke ebendikwazi ukuba ndinokukwenza, andaba nako. Kwaze kusasanje, ekuvukeni kwam. . .Ndazidlela inyama enkonkxiweyo, izolo, yakhangeleka ngathi ihleli phaya esiswini sam. Ndagula kakhulu, ndade—ndade ndaphantse andaba nakuvuka. Ndacinga, "Ingaba yintoni bethu emhlabeni? Ndiyehla ndiya phaya, ndibe ndingazi ukuba ndiza kuthetha ntoni na. Kube, Nkosi, andifumani kwaSibhalo engqondweni yam, ukuze ndisibhale. Andifumani nto konke." Ndasuke nje andazi ukuba ndimelwe kukwenza ntoni na.

Kwaze, kwathi emva kokuba uMyalezo uqalile ukufika kum, uSathana wasoloko esithi, "Uziva ubuhlungu kakhulu. Intloko yakho iyakuhlupha. Uyagula. Awunakuhla uye phaya. Awunako ukuma phaya. Kufanele ukuba ibe*koku*, kuze kube *kokuya*."

204 Ndikhumbula, ngexesha elithile, ibali lommi waseNgilana. Yayiyindoda nje eqhelekileyo. Baze bathi u—u—ukumkani, omnye wookumkani kwimihla yakudala wayesiya kwi—kwibhotwe lakhe. Ngoku, ke, wayengenamntu. . . Wayenomyalezo afanele ukuwuthumela, umyalezo ongxamisekileyo, ngenxa yotshaba. Waze wa—wa—wathi kumfana omncinane owayemi apho, wathi, "Thatha apha, thabatha lo myalezo, thabatha lo myalezo! Khawuleza uye kwindawo *ethile-thile,* uyalele ukuba kwenziwe *oku*." Waze wathi, "Thabatha intonga yam uyiphathe ngesandla sakho. Oko kuyakukungqinela, ukuba ndim. . .uthunywe ndim."

205 Wayithabatha wayifaka phantsi kwengubo yakhe, waza waphuma wahamba. Abalindi bammisa ndawo zonke, naye wonke omnye umntu. Ekhwaza, "Vulani indlela! Ndinomyalezo wokumkani." Amen. "Ndingumthunywa wokumkani," Ilizwi elingqinelweyo.

206 Ndacinga, “Sathana, suka endleleni yam! NdinoMyalezo wokuKumkani. Kunyanzelekile ukuba ndihambe.” [UMzalwana uBranham unkqonkqoza epulpithini amaxesha amaninzi—Mhl.]

207 Ngaxesha lithile ekubeni bebulele iNkosana yoXolo, baze baYibeka engcwabeni, baza balitywina ingcwaba, kwaza ukufa kwaYibamba iintsuku ezintathu nobusuku. Kodwa ngentsasa yePasika Yayiyiphethe intonga Yayo esandleni, yakhwaza, “Hamba umke, kufa! Hamba umke, ngcwaba! Vuleka! NdinguMyalezo woKumkani. Kufanele ukuba ndivuke ndizokuqondakalisa olu vuko. Ndiluvuko ndibuBomi.” Haleluya! Ndiziva ndonwabe mpela ngoku.

NguMyalezo woKumkani lo. MasiWuqonde, zihlobo, ngokuba sibizelwe ukuba sihlanganiselane ukuvakaliswa kweXilongo. “Kuba iXilongo leNkosi liyakuvakala, kungabisabakho xesha.”

208 Iyamhlanganisa uSirayeli. Iintsuku ezintathu, ngosuku lwesithathu Yathi Iyakwenza njalo. Iminyaka engamashumi amabini anesixhenxe amakhulu idlule. Ngolo suku lwesithathu Wathi Uyakumhlanganisa, kwaye Ukwenzile oko. Wathi Uyakuyazisa indlela yoBomi. Nabaya apho bakhoyo, belindele nje ngoku uMtshakazi ukuba asuke endleleni ukuze angene, abaprofethi ababini, abaprofethi bamaHebhere, abaya kukuqonda.

209 Niyandikhumbula ngokuya ndandimi eCairo, ndifuna ukunyuka ndiye phaya, ngethuba uLewi Pethrus wathi, “Mzalwana uBranham, ukuba bangayibona loo nto... Bayakholwa ngabaprofethi babo.”

210 Ndathi, “Yinto elungileyo leyo kum.” ’Yabona ukuba unjani na umntu? Kodwa ’yabona ubabalo lukaThixo? Ndathi, “Ndizakuyifunda leTestamente iNtsha.” BaYifunda. ULewi wabathumela, ngaphezulu kwesigidi sazo, ngaphezulu phaya, uMzalwana uLewi Pethrus waseSweden. BaYifunda, benyuka besihla apho loo maJuda; hayi njengeliqela langoku lamaJuda, kodwa phaya emhlabeni wabo. Behla, baza bathi, “Ukuba lo nguMesiya, masiMbone esenza umqondiso womprofethi, siyakukukholelwa.”

211 ULewi Pethrus wathi, “Mzalwana uBranham, nalo ithuba. Nalo ithuba.” Umntu othile wandixelela ukuba, liyakubakho ithuba. Ndakhwela,” ndathi, “ndiyehla ndiya kulo.”

Umntu othile waya phaya wahlala, noMzalwana u-Arganbright, wathi, “Mzalwana uBranham, oko kungamothusa nje uSirayeli! Ubakhuphe beze kuKo, ubabonise umqondiso womprofethi. Bayakukukholelwa.”

212 Ndathi, “Nkosi, ndim lo, sele ndilungile.” Ndatsiba ndangena kwinqwelomoya; ndathabatha imali ndazithengela itikiti; yaya kuma eCairo. Ndathi, “Ewe, sele ndilungile.”

213 UMoya oyiNgcwele wathi, “Asiyondawo yakho le. Asiloxesha lakho eli.” ’Yabona, uzihambela nje ngokwakho. Ndacinga, “Owu, madoda! Ndihambe ndada ndeza apha; ndaye ndi—ndizakuhamba.”

214 Kwakho iNto ethi, “Yima kanye apha! Musa ukuya ngaphaya. Jika uye kungena e-India. Musa ukuya phaya. Wela uye e-India, kodwa musa ukuya phaya.”

215 Ndacinga, “Kutheni?” Ndahamba ndajikela ngasemva kwenqwelo-moya, ndathi, “Nkosi Yesu, ithetha ukuthini le nto?”

Waza ke Wandazisa. “Akukho Ntlanga. Aba baprofethi ngabo.” Kufanele ukuba ibe ngokweSibhalo. “UMoses no-Eliya baya kuza.” Kwaye, ngaphandle koko, uMtshakazi akakathatyathwa asuswe endleleni. “Aba baprofethi ke bayakubuya bayakuwenza umqondiso womprofethi.” SiSibhalo eso. Nantso ke izalisekiswe yonke, ngokupheleleyo, uSirayeli njengesizwe uyakuzalwa ngemini enye. Amen! IziKhanyiso zangokuhlwa ziyakhanya!

Kuyakubakho ukuKhanya ngexa langokuhlwa,
Indlela eya eBuqaqawulini ngenene niyakuyifumana;
Kwindlela yamanzi, ekukuKhanya namhlanje,
Ekungcwatyweni eGameni likaYesu.
Badala nani batsha, guqukani esonweni senu,
UMoya oyiNgcwele ngokuqinisekileyo uyakungena;
IziKhanyiso zangokuhlwa zifikile,
Yinyaniso ukuba uThixo noKristu mNye.

216 Sisekupheleni kwexesha, sihlobo. Size ke sibe nokucinga ngeli culo lombhali owaphefumlelwayo, xa wayesithi:

Izizwe ziyaphuka, (kwakumalunga neminyaka elishumi elinesihlanu eyadlulayo ngoko), uSirayeli uyavuka,
Imiqondiso eyaxelwa kwangaphambili ngabaprofethi;
Imihla yeeNtlanga ibaliwe, (khangela ukungcola kwazo ngoku) izele ziinkathazo;
Buyani, Okanye nimke, kukuni.

Usuku lokuhlangulwa lusondele,
Iintliziyo zabantu ziyaphela kukoyika;
Zaliswani nguMoya kaThixo, izibane zenu zilungisiwe zikhanya,
Khangelani phezulu, ukuhlangulwa kwenu kusondele. (Injalo loo nto.)

Abaprofethi bobuxoki bayaxoka, baphika
iNyaniso kaThixo, (asiyonyani leyo!)
UYesu Kristu unguThixo wethu.

Abakholwa yiloo Nto. Baneentlobo zonke zee-ism nezinto ezinjalo!...?...futhi. Kodwa umprofethi wathi...Okanye, umbhali owayephefumlelwe wathi:

Siyakuhamba apho abapostile banyathela
khona.

217 Niyawukhumbula umbono wam? Ndathi, "Ukuba abantu bakaPawulos bayangena, nelam liyakwenza njalo, ngoba ndenze kanye njengokuba wenzayo." Ndihleli kunye naLo.

Ezo zigidi zaphakamisa izandla zazo, zisithi, "Siphumle phezu kwaloo nto!" Intoni? Wuqonde umhla esiphila kuwo, ixesha esiphila kulo, umqondiso wexesha esiphila kulo.

Lisenokuba liphelile ixesha kunokuba sicinga. Ngolunye lwezintsuku, kuyakuthiwa lowo ungaphandle makasele ehlala ngaphandle. Lowo ungaphakathi masele ehlala ngaphakathi ngonaphakade. Ucango luyakuvalwa.

218 Ukuba kukho bathile apha kusasanje abangekangeni, owu, eGameni likaYesu, bantu bakuthi abathandekayo...

Musani ukukhangela kwesi sicaka singazinto simi apha, singaqeqeshwanga, singafundanga, singenamfundo; musani ukujonga koko. Koko khangelani eLizwini eliqondakalalisiweyo. Khangelani kuMoya oyiNgcwele Lowo uNingqinelayo ukuba liyiNyaniso. Sisekupheleni kwexesha. Liphelile ixesha kunokuba ucinga. Musa...

219 Bafazi, ziyekeni zikhule iinwele zenu. Dade, nceda uzikhulule ezo mpahla zingcolileyo. Lahlani loo midiza. Ngokuba iyure iyakufika, apho, "Lowo unyhukunyhuku, uyakuhlala enyhukunyhuku; nalowo ulungisayo aya kuhlala elungisa. Lowo ungaphakathi abe ngaphakathi; lowo ungaphandle abe ngaphandle." Umgcana, omncinci wokuvala, "Ukuba umntu olilungisa uyakusindiswa ngenkankulu, uyakubaphi ke umoni nongakholwayo," umphiki weNyaniso, uyazi, "bayakuvela phi bona?"

Masithobe iintloko zethu.

220 Ngoku, ekuKhanyeni kwale yure siphila kuyo, ukuKhanya komhla esiphila kuwo ngoku; bathandekayo bazizithandwa, nina nisuka kwizizwe ezahlukeneyo jikelele apha elizweni, masithi ngoku, mna ndikunye nani, kwesi siguqo, makhe sithabathe ukuhlolisisa. Unjani uMoya kaThixo ezintliziyweni zethu namhlanje? Khumbulani, ukuba nguloo Moya, ungagwetywanga, ungangcoliswanga; nayiphina imfundiso yebandla, nayo yonke enye into, imkile ngokupheleleyo.

221 Ungathini ukuba ungakhe uzame ukongeza koKo okanye ukususa kuKo. Kuba, ukuba uzama ukubeka ingcaciso kuKo,

ngokwakho, isabelo sakho sisusiwe kwiNcwadi yoBomi. Ingaba uzama ukuthetha into ethile uMoya angayithethanga? Ingaba uzama ukuYenza ukuba Ibe ithethe enye into? Okanye, uThabatha kanye oko IKuthethileyo, ube uYiyeke injalo? Ingaba uyayicukuceza, uyinqunqe, uyilinganise, usenza izinto ezingalunganga? Ingaba wenze njalo?

222 Uthi, "Kulungile, andiziva ndifanele kukukwenza *oku*. Okanye, mhlawumbi, ndi—ndi—ndiyazi ukuba ibandla lam alikukholelwa oKu. 'Lilizwi nje lendoda enye ngaloo Nto.'"

Loo Ndoda inye nguThixo. IBhayibhile apha ithi ufanelwe kukuba ungazichebi iinwele zakho. Ezi . . . IBhayibhile yathi. "Kuyakwenzeka ukuba abafazi banxibe impahla enjengeyamadoda, nendlela abayakuba ngamasikizi ngayo kuThixo." Indlela uMoya oyiNgcwele awathetha ngayo, ngesi sitya sithobekileyo, singafanelekanga ekwenzekileyo ukuba simi siphila kwisigaba awathi uKumkani omkhulu, "Nali ingcwaba laM . . . ILizwi laM. INtonga yaM, gxebe. Thabatha iNtonga yaM, uhambe, uzise uMyalezo."

223 Ndiyazi ukuba amahlelo azama ukuWumisa, nokuWukhuphela phandle, nokuWuphelisa, nokuWukhabela ngaphandle, nayo yonke enye into. Kodwa, ngobabalo lukaThixo, ndisendleleni, ndikhwaza ukusukela kwisizwe ukuya kwisizwe, ukusukela kwindawo ukuya kwenye indawo, ukusukela kwibandla ukuya kwibandla, "Phumani kulo!" Awudumanga, kodwa UyiNyaniso.

224 Ingaba Uyakuwamkela ku—ku—kuMoya othe wabhalwa Ukuwo? Ingaba uyakuWamkela ukuMoya othe Wanikelwa Ukuwo? Ukuba awukenzi njalo ngoku . . . Asinandawo yaneleyo yokubizela esiguqweni; yintliziyo yakho isiguqo. Ungasiphakamisa isandla sakho, uthi, "Thixo, yiba nenceba kum. Mawuthi uMoya kaThixo ungene kum, undigweba ngenxa yezono zam zonke, nokudideka, yonke imikhwa yam emibi, nokuvutha komsindo, nokuxambula, nokulwa, nempikiswano, nayo yonke enye into ebendinayo. Ndaye kukho into endiyaziyo, ukuba umoya wam awulithambelanga iZulu. Ndenze ndithambe, Nkosi, ngalo mzuzu wokugqibela. Lo isenokuba ngumyalezo wokugqibela endiyakuwuva. Eli isenokuba lithuba lokugqibela ndisiva uMyalezo. Ndiyasiphakamisa isandla sam. Thixo, yiba nenceba kum."

225 UThixo anisikelele. Zininzi izandla. Ngoku, okomzuzwana nje wokuzola ukuze nithandazelwe. Wena uphakamise isandla, oko kubonisa ukuba usenomdla. Kukhangeleka kum ingathi uMoya usenomnye ombizayo.

226 Thixo Othandekayo, Wena Wazi izinto zonke. Kwaye Wazenza zonke izinto ngenjongo yazo zonke izinto, kuba, abanye bagwetyiwe, abanye kwanyanzeleka ukuba bamfanyekiswe; abanye, "njengokuba umbumbi wasenzayo

isitya, njengombumbi owasenzayo isitya," njengoko watshoyo uPawulos, "esinye sesembeko esinye ayisosambeko." Eso senzelwe ukuba ingabi sosambeko, senzelwe khon'ukuze kubonakalaliswe eso sasenzelwe imbeko. Kodwa ke akukho sandleni soMbumbi na ukwenza Akuthandayo? Akukho kwicebo lonyulo lwakwangaphambili lukaThixo, ukubiza? "Lowo Wamazi kwangaphambili, Umbizile. Abo ke Wababizayo, Wabangcwalisa. Nabo ke Yena Wabangcwalisayo, Wabuya wabazukisa."

227 Mhlawumbi abanye babo kusasanje banjengala mfazi mncinane equleni, bangaphandle ekungcoleni, ngaphandle ekungakholweni, ngaphandle kwizithethe zabantu, kwimfundiso ezenziwe ngabantu. Mhlawumbi kokokuqala ukuba bazive ezi zinto, kodwa kukho into ethile ethe yayiyala intliziyo yabo ngokungaqhelekanga. Zininzi, zininzi kakhulu izandla ezinyukileyo, Nkosi. Makathi uMbumbi omkhulu athabathe eso sitya ngoku asixonxe ibe sisitya sembeko. Ndiyakholwa ukuba kukho isizathu esithile, Nkosi, kungenjalo bebengenakukwenza oko, bebengenakutsho. Ndisakholwa, ndisabalindele.

228 Masibhambathise isicaka saKho esithobekileyo, Nkosi. Masibabhambathisele, njengalowo umi phakathi kokuphila nokufa; njengalowo useSodom wayewathandazela amaSodom, "Phumani kuyo! Phumani kuyo, ngokukhawuleza!"

229 Bangangaphuma, Nkosi, ngokuthobeka nangokuthandekayo beze etroneni kaThixo ngoku, entliziyweni yabo, besithi, "Yesu, ukususela namhlanje, ukuya phambili, Uyakuba ngowam. Ndenza esi sibhambathiso kuWe ngoku apha, njengokuba ndihleli kwesi sihlalo apho uMoya wakho andichukumise khona. Ukuba Undichukumise apha, akufanele ukuba ndiye phambili kunokuba ndilapha. Khona kanye apha kulapho Uhlangene nam khona; khona apha kulapho sizakuyilungisa khona; kanye apha kwesi sihlalo sesibini, sihlalo sesithathu, sihlalo sesihlanu, nokuba sesiphi na. Kanye apha kulapho iyakulungisa khona, kuba naku apho Undigwebe khona, kulapha kanye apho Ubundithembise ukukulungisa khona. Kuba nangona ndinyhukunyhuku ndingcolile, ndiyakwenziwa ndibe mhlophe kunekhephu. Ndilikholelwa lonke iLizwi laKho. Sendilungele ukuhamba kuLo, ndiLikholelwe, ndiLamkele.

"Kwaye ngoku ndikwenzela uzuko lukaThixo oku, ndisazi ukuba ubomi bam abulunganga nganto kum, abufanelekanga kuThixo, abulunganga kubamelwane bam, abulunganga nakwiyiphina enye into; ngokulula nje bulungele usathana, ukuba enze—into anokudlalisa ngayo ngam, ukuba andijule nje apha esithubeni, mhlawumbi andenze ndibe ngunodoli wendoda ethile ukuba indibuke, mhlawumbi ndibe sisithixo

somfazi othile. Thixo, ndenze ndibe sisicaka kuWe." Ndiphe oko, NKosi. Ndibanikela kuWe ngoku, eGameni likaYesu Kristu, uNyana waKho.

Iintloko zethu sizithobile, neentliziyo zethu.

Ndiyamva uMsindisi wam . . .

Ngokunyaniseka, sihlobo. Isenokuba lixesha lakho lokugqibela. Ingaba uyaliva elaa Lizwi lincinane?

. . . ebiza,
Ndiyamva . . .

Yintoni Ekubizayo . . . Ubizwa yintoni, ukuba nguMsindisi wakho? ILizwi.

. . . uMsindisi ebiza,

Kufanele ukuba wenze ntoni? Wale iLizwi.

Ndithabathe umnqamlezo wam ndilandele,
ndilandele . . .

"Ndilutshikilele ubhaptizo eGameni likaYesu, iNkosi."

Ndiyakuhamba naYe esitiyeni,
Ndiyakuhamba . . .

Kunye naYe, phi? Emanzini, esitiyeni, naphi na; kwindlu yomthandazo, equleni, naphi na. Senze eso sigqibo!

. . . hamba naYe esitiyeni,
Ndiyakuhamba naYe, naYe yonke indlela.

Ndiyakuhamba naYe emgwebeni, (ukuba iLizwi linyanisile na okanye libandla elinyanisileyo),
Ndiya . . .

"Ukuba ndim na onyanisileyo, okanye nguYe onyanisileyo. Ingaba isazela sam sinyanisile, okanye liLizwi laKhe elinyanisileyo?" Ukwindawo yomgwebo ngoku. "Into endiyikholelweyo, ingaba iyinyaniso, okanye liLizwi laKhe elinyanisileyo? Ingaba ndicinga ukuba kulungile ukucheba iinwele, ndinxibe iibhulukhwe ezimfutshane? Ingaba ndicinga ukuba kulungile ukuba lilungu lehlelo?" Yintoni Ayithethileyo?

Ndiyakuhamba naYe, naYe yonke indlela.
Ngoku apho Andikhokelela khona
ndiyakumlandela,

Ndiziphakamisile izandla zam, nam, Nkosi. Nkosi, nokuba kuphi na, apho uMyalezo olandelayo uyakushunyayelwa khona? Ingaba kuyakuba lapha kwakhona, ngokuhlwanje, ngaphesheya e-Afrika, eJamani, eSwitzerland? Kuphi, Nkosi?

Apha A . . . (nokuba kuphi na apho Ukhokelela
khona, Nkosi) . . . ndiyakulandela,
Ndiyakuhamba naYe, naYe yonke indlela.

Ngoku nizithoba iintloko zenu.

230 UYakuhamba naYe yonke indawo Akukhokelela kuyo? Ingaba uYakuhamba naYe ngamaxesha obunzima, abantu bayatshutshisa, bayahleka, bephoxisa? "Ndisaya kuba kunye naYe. Ndiyakuba ndisahamba. Ndiyakuhamba ndiye phambili naWe, Nkosi, naphina apho Ukhoyo. Ndiyakuma nangoko ndithembekile ndinyanisekile. Ebushushwini bedabi, ndiyakuba ndisemi ndithembekile ndinyanisekile. Ukuba ndiyawa, Uyakundiphakamisa kwakhona, Nkosi. 'Lowo uyakubulahla ubomi bakhe ngenxa yaM uyakubuzuza.'"

Ngoko ndiyakuhamba naYe, naYe yonke . . .

231 Ngoku bonke abo banyanisekileyo ngoko, entliziyweni yenu, masiphakamisele izandla zethu ngoku, neentliziyo zethu, sizise kuYe.

Apho Andikhokelela khona ndiyakulandela,
Apho Andikhokelela khona ndiyakulandela,
Apho Andikhokelela khona ndiyakulandela,
Ndiyakuhamba naYe, naYe yonke indlela.

Uyakundinika ubabalo nozuko,
Uyakundinika . . .

Nkosi Yesu, phefumlela phezu kwezi tshefu ngoku. Philisa abagulayo nabaxhwalekileyo, Nkosi. Siphe oko, Nkosi. Baphe impiliso, Nkosi, eGameni likaYesu.

Ahambe nam, nam yonke indlela.

232 Niziva nonwabile ngoku? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Niva ukuba kulungile ngoku? ["Amen."] Ukuba U . . .

Nxa Ebizwa amagama, elizweni laphaya,
(liXilongo lokugqibela eli, ngoku)
Ekuseni okungayi kuhlwa qha.

Makhe silicule, sonke ngoku. "Nxa Ebizwa amagama." Khawusiphe isingqi.

Nxa ebizwa amagama, elizweni laphaya
Ekuseni okungayi kuhlwa qha;
Bephelele abeNkosi khona lapho ekhaya,
Ngothi, Yebo Nkosi nangu mina la.

Nxa ebizwa amagama,
Nxa ebizwa amagama,
Nxa ebizwa amagama,
Elizweni elikhanyayo laphaya,

Ngalo lona lolusuku bevukile abeNkosi,
Behlotshiswe ubukhosi Bayo le;
Sebebuthwa abakhethwa bengeniswa ekhaya,
Ngothi, Yebo Nkosi nangu mina la.

Nxa ebizwa amagama,
Nxa ebizwa amagama,
Nxa ebizwa amagama,
Elizweni elikhanyayo laphaya,

233 Masiphakamise izandla zethu, sithi, “Ngobabalo lwaKho, Nkosi.” Ngobabalo lwaKho, Nkosi! [Ibandla, “Ngobabalo lwaKho, Nkosi.”—Mhl.]

Ngoku, singabazalwana noodade kuKristu. Masijike nje sibambe isandla kumntu osecaleni kwakho, sithi, “Ngoncedo lukaThixo, xa ebizwa amagama elizweni laphaya!”

Nxa ebizwa amagama,
Nxa ebizwa amagama,
Nxa ebizwa amagama,
Elizweni elikhanyayo laphaya,

Silindele ntoni?

Nxa ebizwa amagama (elokugqibela) . . .
elizweni laphaya . . .
(Sesingenile kwinguNaphakade, “Ngomzuzwana,
ngokuphanyaza kweliso.”) . . . bayo le;
Sebebuthwa abakhethwa bengeniswa ekhaya,
Ngothi, Yebo Nkosi nangu mina la,

Masilicule nje!

Nxa ebizwa amagama,
Nxa ebizwa amagama,
Nxa ebizwa amagama,
Elizweni elikhanyayo laphaya,

234 Owu, ayisayi kuba lixesha elimnandi elo! Xa siyakuhamba nje, ngenye imini, kuvele nje omnye umntu. “Ngubani lowo? NguMama!” Amen! “Akusayi kubakudala ke ngoku.” Kwimizuzwana nje embalwa, uyakutshintshwa. Saye siyakuba . . . siyakuhlangana nabo, size sixwilelwe kunye, ekuyihlangabezeni iNkosi emoyeni. Owu, ngomzuzwana, ngokuphanyaza kweliso. Uthi, “Nanku uMzalwana uSeward, umzalwana omdala owayekade elapha enkonzweni! Ngoba, nanku uMzalwana uDeArk. Nanku uMzalwana *uSi*- . . . Ngoba, khangela apha, bonke bandingqongile! Yintoni na?” Ulapha ngemizuzwana . . . Ndiyazi ukuba bakhe bavela kum. Akusayi kubakudala ngoku. Ndiyakuguqulwa ngoku, ngomzuzwana nje, ngomzuzwana nje.” Owu, ewe! Xa kuyakuthi qheke ukusa okunguNaphakade, kukhanya kakuhle. Onke loo mafu angummangaliso . . .

235 Njengoko Watshoyo, “USirayeli, ngoku ube njengelifu lentsasa, umphunga, ubulungisa benu bunyamalele.” Bakuba ke bunyamalele bonke eliTheni leLanga Elibambe konke, amen, ngoko, “Amagama ayakuba ebizwa ngaphesheya, ndiyakubalapho.” Kulungile.

Kude kube ngokuhlwanje:

De sibuye sihlangane! De sibuye sihlangane!

Asazi ukuba kuyakwenzeka xesha nini na oku, zihlobo. Kudala kulibali, ithuba elide, kodwa kuyiNyaniso, kwaye kuyakwenzeka. Sikwelo xesha kanye ngoku.

De—de sibuye sihlangane, de si . . . (Ngobabalo lukaThixo, siyathemba, ngecala leyesixhenxe ngokuhlwanje.)
UThixo abe nani de sibuye sihlangane.

Masime ngenyawo zethu ngoku.

236 Owu, akumangalisi? "Zindawo zasemazulwini kuKristu uYesu ezi." Andinakukutshintshisa ngayo nayiphina into oku. Uyazi indlela endikuthanda ngayo ukuloba nendlela endikuthanda ngayo ukuzingela, kuba ndibona uThixo phaya phandle entlango. Ndiyayithanda loo nto. Kodwa, owu, andingekhe ndikutshintshe nangomzuzu omnye ngoku, ngenxa yawo onke amava wamakhulu eminyaka. Umzuzu omnye woku, ukukwanela!

237 Thixo, dala imvuselelo kum. Ndenze ndibe yimvuselelo. Yenza mntu ngamnye kuthi abe yimvuselelo, imvuselelo ikum. Ndenze, Nkosi, ukuba ndilambe, ndenze ndinxanwe. Dala ngaphakathi kwam, Nkosi, oko kufunekayo ngaphakathi kwam. Mandithi, ukuqalela ngale yure, ndibe ngowaKho; ndibe sisicaka esizinikezele ngakumbi, isicaka esingcono, esisikelelwe ngokuthe catha nguWe; esinamandla ngakumbi, esithobeke ngakumbi, esinobubele ngakumbi, esikhuthalele ngakumbi ukusebenza; esikhangele ngakumbi kwizinto ezilithemba, sizilibala izinto ese zidlulile, nezinto ezityhafisayo. Mandibhekise kubizo lwaphezulu kuKristu. Amen.

Ngumnqweno wethu lowo, asinguwo? [Ibandla, "Amen."—Mhl.]

Kulungile, masi, de sibuye sihlangane ngokuhlwa nje, masithabathe iGama likaYesu sihambe nalo ngoku, mntu ngamnye kuni ngoku.

Thatha—thatha iGama likaYesu,
Mntwana wentsizi nentlupheko;
Liyakukunika uvuyo nolonwabo,
Lithabathe nokuba uyaphi na.

IGama elinoyolo, Owu limnandi!
Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu;
IGama elinoyolo, Owu limnandi!
Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu.

Ngoku masithobe iintloko zethu.

Thatha iGama likaYesu,
Njengekhaka kuso sonke isabatha;
Xa izilingo zikungqonga . . .

Ukuqonda Umhla Wakho NoMyalezo Wawo, Umq. 4 Inani 2
(*Recognizing Your Day And Its Message*, Vol. 5 No. 1R)

Lo Myalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham owawushunyayelwe ekuqaleni ngesiNgesi ngeCawe kusasa umhla wama-26 kuJulayi, ngowe-1964, kuMnquba kaBranham, eJeffersonville, e-Indiana, eMelika, wathatyathwa kwisishicileli-mazwi washicilelwa ungafinyezwanga ngesiNgesi. Le nguqulelo yesiXhosa ipapashwe ngowe-1995 ngabe:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, Jeffersonville, Indiana 47131 U.S.A.

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org